# ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo leNtshona Koloni

## ISicwangciso soNyaka seNdlela yokuSebenza

---

**2017/18**

**Umhla wokuthiwa thaca**

**kweyoKwindla 2017**

Ukuba kunokubakho iimpazamo kuguqulelo lolu xwebhu, maze kusetyenziswe uxwebhu lwesiNgesi okulolona kususelwe kulo uguqulelo.

# INGABULA-ZIGCAWU

Njengoko sizamela ukufezekisa umbono wobandakanyo lwentlalo, woyilo, wentsebenziswano neNtshona Koloni ehlangeneyo, iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo yenze inkqubela phambili ebonakalayo ekukhuthazeni ukugqwesa nobandakanyo kwimidlalo nenkcubeko ngokusetyenziswa kwezibonelelo zethu ngokufanelekileyo, ngokusebenzayo nangokuzinzileyo, nangothelelwano olunobuchule. Ukuya kubuchule nokuyenza iNtshona Koloni ibe liziko lemidlalo nenkcubeko loMzantsi Afrika, siya kuqhubeka ngokuyila imiqathango yokungena nokuthabatha inxaxheba sisininzi, ukuchongwa kwetalente nophuhliso lwamakhono.

ISicwangciso sokuSebenza soNyaka siqinisa imiqathango emiliselweyo ukufezekisa umbono wethu, umnqophiso neenjongo zeqhinga ngokuhambelana nekujoliswe kuko kwendlela yokusebenza kusetyenziswa uhlahlo lwabiwo-mali olwabelweyo kunyaka-mali wama-2017/2018.

Akukho kuthandabuza engqondweni yam kwinto yokuba ekufezekiseni iinjongo zethu ezichaziweyo, siya kujamelana nemingeni eyahlukeneyo. Nangona kunjalo, ndinengqiniseko yokokuba amagosa eli Sebe aya kuqhubeka ngokunikezela kwizigunyaziso zethu ukususela kubantu beNtshona Koloni ngolololongo olukhulu, ngobuchule, ukuthwala uxanduva, ngemfezeko, ngenguqu nangokusabela.

Esi sicwangciso saphuhliswa ngeengcebiso ezivela kubasebenzi, abachaphazelekayo bangaphandle namaqabane eqhinga yaye siyakusebenza njengesikhokhlo esilungiselelwe iSebe kunyaka ongaphambili. Ndithanda ukuncona igosa ngalinye kulo msebenzxi ungundoqo yaye ubalulekileyo yaye ndizimisele ukunikezela ngesikhokhelo sopolitiko kwindlela yethu yokuhlanganisa abantu abahlukeneyo bephondo lethu ngemidlalo nangemicimbi yenkcubeko.

**ANROUX MARAIS, MPP**

**UMPHATHISWA WEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO WENTSHONA KOLONI**

**KWEYEDWARHA 2017**

# UTYIKITYO OLUSESIKWENI

Thina, batyikitye ngezantsi, siyaqinisekisa ukuba esi siSicwangciso sokuSebenza soNyaka:

- siqulunqwe ngabalawuli beSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo bekhokelwa nguMphathiswa Anroux Marais;
- sicwangciswe ngokuhambelana neSicwangciso-qhinga seSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo sakutsha nje; kwaye
- siwubonisa ngokuchanekileyo umsebenzi ekujoliswe kuwo elijonge ukuyiphumeza iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lakufumanaizixhobo ezikhoyo kuhlahlo-lwabiwo-mali lowama-2017/18.

**Shaun Julie**

**UMlawuli woBuchule bokuSebenza noLawulo lweNkxaso**

**Utyikityo**

**Brenda Rutgers**

**IGosalezeMali eliyiNtloko**

**Utyikityo**

**Brent Walters**

**IGosa eliNika iNgxelo**

**Utyikityo**

**Yamkelwe:**

**Anroux Marais**

**UGunyaziwe oLawulayo**

**Utyikityo**

# ISIQULATHO


ICANDELO A: ISISHWANKATHELO ESICWANGCISIWEYO ........ 8

1. Umbono ........ 8
2. Umnqophiso ........ 8
3. Iimpawu zentsulungeko ........ 8
4. IMithetho nezinye iziGunyaziso ........ 8

4.1 Izigunyaziso zoMgaqo-siseko ........ 8
4.3 Izigunyaziso zomgaqo-nkqubo ........ 14
4.4 Izindululo zenkundla ezifanelekileyo ........ 27
4.5 Amalinge omgaqo-nkqubo acwangcisiweyo ........ 28

5. Uhlahlelo loBume ........ 29

5.1 Ubume bokusebenza ........ 31
5.2 Ubume beSebe ........ 42
5.3 Inkcazelo yenkqubo yocwangciso yeqhinga ........ 47

6. Iziphumo ezisekelwe kwiinjongo zeqhinga lokusebenza leSebe ........ 47
7. Uhlaziyo lohlahlo-lwabiwo-mali lowama-2017/18 noqikelelo lwe-MTEF ........ 49

7.1. Uqikelelo lwenkcitho ........ 49
7.2. Iintlawulo ezinxulumene neendlela zeenjongo ezijolise kumphumela weqhinga ........ 49

ICANDELO B: IINKCUKACHA ZOMSEBENZI WENKQUBO ........ 50

8. INkqubo 1: ULawulo ........ 50

8.1. Iinjongo zeqhinga lokusebenza ........ 50
8.2. Ekujoliswe kuko ngonyaka yinjongo yeqhinga lokusebenza 2017/18 ........ 51
8.3. Ulawulo lomngcipheko ........ 51
8.4. Imisebenzi yenkqubo nekujoliswe kuko ngonyaka nangekota kowama-2017/18 ........ 52
8.5. Ukulungelelanisa ekujoliswe kuko komsebenzi nohlahlo-lwabiwo-mali ne-MTEF ........ 53

9. INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko ........ 55

9.1. Injongo yeqhinga lokusebenza ........ 55
9.2. Ekujoliswe kuko yinjongo yeqhinga lokusebenza kowama-2017/18 ........ 56
9.3. Ulawulo lomngcipheko ........ 57
9.4 Imiqondiso yoMsebenzi weNkqubo nekuJoliswe kuko ngonyaka nangekota kowama-2017/18 ........ 59
9.5 Ulungelelaniso lokujoliswe kuko komsebenzi nohlahlo-lwabiwo-mali ne-MTEF ........ 62

# Izifinyezo

| | |
|---|---|
| ASGC | Umdlalo woTshintsho lwasekuphumeni kwesikolo |
| CASMIS | IMicimbi yeNkcubeko neNkqubo yeNgcaciso yoLawulo |
| CFO | IGosa eliPhezulu lezeMali |
| DAC | ISebe lezoBugcisa neNkcubeko leSizwe |
| DCAS | ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo |
| Ce-I | Iziko leNguqu yeKhompyutha |
| DORA | UMthetho wokwaHlulwa kweNgeniso (ngonyaka) |
| DPSA | ISebe leNkonzo kaRhulumente noLawulo |
| DSD | ISebe loPhuhliso lweNtlalo |
| EE | Ubulungisa eNgqeshweni |
| EPWP | INkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente |
| ECM | ULawulo lweMiba yoShishino |
| ERM | ULawulo loMngcipheko weShishini |
| GRAP | INdlela yokuBalwa kwemali eYamkelweyo |
| GWM&E System | i-Government-wide Monitoring and Evaluation System |
| HR | IMicimbi yaBasebenzi |
| HWC | ILifa leMveli leNtshona Koloni |
| ICT | Ingcaciso netheknoloji yonxibelelwano |
| IDP | IsiCwangciso esiHlangeneyo soPhuculo |
| IIWG | IDP Indaba Working Group |
| IGR | Ubudlelwane booRhulumente |
| JPI | Ilinge elihlangeneyo eliCwangcisiweyo |
| M&E | UkuBekwa kweLiso noVavanyo |
| MEC | ILungu leSigqeba esiLawulayo [sePhondo] iBhunga loLawulo(uMphathiswa wePhondo) |
| MOU | IPhepha leNgqinisekiso |
| MOD | UkuThatyathwa kweNxaxheba luNinzi; iThuba neLungelo; uPhuhliso nokuKhula |
| MPP | ILungu lePalamente yePhondo |
| MTEF | IsiCwangciso –nkqubo seNkcitho seSithuba esiPhakathi |
| MTSF | IsiCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiPhakathi |
| NAC | IBhunga leSizwe lezoBugcisa |
| NDP | IsiCwangciso soPhuhliso seSizwe esijoliswe kowama-2030 |
| NGO | UMbutho ongekho kuRhulumente |
| NHC | IBhunga leLifa leMveli leSizwe |
| NHRA | UMthetho waMafa eMveli weSizwe, 1999 |
| NO | UMphumela weSizwe |
| NSRP | IsiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo |
| PALAMA | IZiko loQeqesho lobuNkokeli noLawulo lukaRhulumente |

| | |
|---|---|
| PanSALB | IBhodi yeeLwimi zaBantu zoMzantsi Afrika |
| PLC | IKomiti yeeLwimi yePhondo kaPanSALB |
| PFMA | UMthetho woLawulo lwezeMali zoRhulumente, 1999 |
| PN | Isaziso sePhondo |
| PSG | INjongo zesiCwangciso-qhinga sePhondo |
| PWD | Abantu abakhubazekileyo |
| RLCP | IProjekti yoThungelwano lwamaThala eeNcwadi asemaphandleni |
| RSA | IRiphabliki yoMzantsi Afrika |
| SAHRA | IArhente yeZibonelelo zeLifa leMveli loMzantsi Afrika |
| SASCOC | IKomiti yeeManyano yeMidlalo yoMzantsi Afrika neeOlimpiki |
| SCM | ULawulo loMxokelelwano loNikezelo |
| SCMPP | INkqubo yoLuntu yokuThatyathwa kweNxaxheba luNinzi iSiyadlala |
| SDIP | IsiCwangciso soPhuculo sokuNikezelwa kweNkonzo |
| SDF | IsiCwangciso-Nkqubo soPhuhliso lwesiThuba |
| SMS | INkonzo yoLawulo oluPhezulu |
| SRSA | IMidlalo noLonwabo yoMzantsi Afrika (isebe lesizwe leMidlalo noLonwabo) |
| SSMPP | INkqubo yeZikolo yokuThatyathwa kweNxaxheba luNinzi |
| UAMP | IsiCwangciso soLawulo lwee-Asethi ezisetyenziswayo |
| UCT | IYunivesiti yaseKapa |
| UNESCO | UMbutho weZizwe eziManyeneyo weMfundo, weNzululwazi neNkcubeko |
| UWC | IYunivesiti yeNtshona Koloni |
| WC | INtshona Koloni |
| WCCC | IKomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni |
| WCED | ISebe leMfundo leNtshona Koloni |
| WCG | URhulumente weNtshona Koloni |
| WCPGNC | IKomiti yePhondo leNtshona Koloni yaMagama eeNdawo |
| WCLC | IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni |

# ICANDELO A: ISISHWANKATHELO ESICWANGCISIWEYO

## 1. Umbono

INtshona Koloni ebambiseneyo, enobuchule nehlangeneyo.

## 2. Umnqophiso

Sikhuthaza ukusebenza ngenkuthalo nokuzimisela ngokuquka wonke ubani kwezemidlalo nenkcubeko ngokusebenzisa izixhobo zokusebenza ngokufanelekileyo, ngokuzinzileyo nangexesha elililo, ngokusebenza ngokubambisana nabanye. Ukuqinisekisa ukusebenza ngokuzimisela, siza kudala iimeko zokufikelela nokuthatha inxaxheba kwesininzi sabantu, ukufunyaniswa kwetalente nophuhliso lwezakhono.

## 3. Iimpawu zentsulungeko

Ukukhathala, ulwazi ngomsebenzi ukuthatha uxanduva, imfezeko nokusabela kwiimfuno zoluntu

## 4. IMithetho nezinye iziGunyaziso

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS)lizithatha ngokuba ziyabophelela izindulululo zowiso-mthetho njengesisekelo sendlela yokusebenza, esebenza kakuhle nangokufanelekileyo, ngokulingana nokufikeleleka konikezelo lweenkonzo, olusekelwe kumthetho kaRhulumente weNguqu kuNikezelo lweeNkonzo zoLuntu, iNyathelo *leBatho Pele*. I-DCAS isebenza ngokwesigunyaziso sowiso-mthetho nomgaqo-nkqubo ochazwe kwitheyibhile engasezantsi.

### 4.1 Izigunyaziso zoMgaqo-siseko

| Icandelo | Ingcaciso |
|---|---|
| **UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996** | |
| Icandelo 6 (3) ne(4): uLwimi | URhulumente wePhondo leNtshona Koloni (WCG), ubeka iliso aze anike imiqathango yokulawula ukusetyenziswa kweelwimi ngokusemthethweni. Zonke iilwimi ezisesikweni mazisetyenziswe ngokulinganayo nangentlonipho. IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni (WCLC), ngokusebenzisana neSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS), inoxanduva lokubeka iliso nokuvavanya ukusetyenziswa kolwimi ngokoMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni, owamiselwa ngowama-2001, kufuneka yenze ingxelo kwiPalamente yePhondo yeNtshona Koloni ngesi sigunyaziso kube kanye ubuncinane ngonyaka. I-DCAS yiyo ebeka iliso kwi-WCLC kwaye inika iKomiti inkxaso ngezolawulo nangemali. |
| Icandelo 30: uLwimi Nenkcubeko | IDCAS iququzelela ukuvula amathuba okuba abantu baseNtshona Koloni basebenzise iilwimi zabo babenethuba lokusebenzisa amalungelo abo ngeenkqubo namaphulo eliwaxhasayo |
| Icandelo 31: Ngokwenkcubeko, inkolo noluntu lwezolwimi | Kufuneka i-DCAS iqinisekise ukuba iinkqubo zayo namaphulo ayayihlonipha iyantlukwano yabantu baseNtshona Koloni. |
| Icandelo 41: Imiqathango yokuse benzisana nokubam | I-DCAS isebenzisana ngokubambisana namanqanaba onke karhulumente. Ngokwemiyalelo ethile egunyazisayo, i-DCAS isebenzisana neSebe lesizweloBugcisa neNkcubeko (DAC), kunye neSebe leMidlalo noLonwabo (SRSA), kwaye isebe lesizwe lezemidlalo nolonwabo lilo |

| Icandelo | Ingcaciso |
|---|---|
| bisana koorhulumente | elijongene noxanduva); amaqumrhu orhulumente wesizwe nowephondo; kunye neyoomasipala eNtshona Koloni. |
| Icandelo 156(4): Unikezelo lwegunya | Kufuneka i-DCAS inike okanye igunyazise umasipala, ngokwesivumelwano nangokuxhomekeke kuyo nayiphi na imeko echaphazelekayo, ulawulo lomba okuluhlu lweSigaba A lweShedyuli 4 okanye iSigaba A seShedyuli 5 ehambelana norhulumente wasekhaya, ukuba<br>• Lo mba ungaphathwa kakuhle ngurhulumente wasekhaya, kwaye<br>• umasipala unamandla unako ukuwuphatha.<br>• I-DCAS, iququzelela ukunikezela ngeenkonzo zamathala encwadi oluntu, okujongwe njengesindululo esibonelelwa kancinci ngemali. Ezi nkonzo zenziwa ngobambiswano neSebe loLolawulo-mali leSizwe kunye neSebe lezoBugcisa neNkcubeko ngokweSibonelelo-mali esineMiqathango samaThala oLuntu apho kunikwa enye inkxaso evela kwingxowa-mali yembuyekezo kamasipala ekuLawulo-mali lwePhondo. |
| Ishedyuli 4: Iinkalo zoWiso-mthetho eziSebenza ngokufanayo kuZwelonke nakwiPhondo | Imiba yenkcubeko:<br>• I-DCAS isebenza ngokubambisana neSebe loBugcisa neNkcubeko (i-DAC) nemibutho elisebenzisana nayongokwemiba yobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli.<br>Umgaqo-nkqubo wokusetyenziswa kweelwimi nokulawula ukusetyenziswa kwezinye iilwimi kangangokuba izinikezelo zeCandelo 6 zoMgaqo-siseko zichaza ngokungathandabuzekiyo ukuba iPhondo leNtshona Koloni linolwazi lowiso-mthetho<br>• I-DCAS isebenza ngokubambisana ne-DAC kunye nemibutho karhulumente esebenza ngokubambisana ngokwemiba yomgaqo-nkqubo yokusetyenziswa kweelwimi. |
| Ishedyuli 5: Iinkalo zoWiso-mthetho eziSebenza ngo-kuzimeleyo kwiPhondo | Oovimba nabanye ooVimba besizwe:<br>• I-DCA Sinikwe umyalelo wokuyila umthetho kwiphondo mayela neendawo zokulondoloza iinkcukacha zakudala ezibalulekileyo ngaphandle kwezikazwelonke ukulawula indlela yokusebenza. Isebe linoxanduva lokunikezela ngeeNkonzo zokuLondoloza iiNkcukacha eziBalulekileyo kwiPhondo.<br>Amathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi kuzwelonke:<br>• I-DCAS iyalelwe ukuba liyile umthetho mayela namathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi kazwelonke ukulawula indlela yokusebenza. ISebe linoxanduva lokusebenza iNkonzo yaMathala eeNcwadi yePhondo nokusebenza ngokubambisana nabasemagunyeni kumathala eencwadi oluntu ngokunikezelwa kweenkonzo nolwazi kuluntu.<br>IiMyuziyam nezinye iimyuziyam zesizwe:<br>• I-DCAS inikwe umyalelo wokuyila umthetho osebenza namaphondo kuphela ngaphandle kwamaziko olondolozo lwembali kazwelonke nokulawula ukusetyenziswa kwawo. ISebe linoxanduva lokunikezela ngeeNkonzo zoLondolozo lweeMbali kwiphondo ngokusebenza ngokubambisana namaziko olondolozo lwembali aban-dakanyekayo ukuzinika inkxaso.<br>Imiba yenkcubeko kwiphondo (iquka ulawulo lwezixhobo zokusebenza ngelifa lemveli namagama eendawo):<br>• I-DCAS inikezela ngeeNkonzo zeLifa leMveli eNtshona Koloni (HWC), igunya elijongene nezixhobo zokusebenza ilifa lemveli lamiselwa ngokomthetho i National Heritage Resources Act, 1999 (NHRA), kunye nabasebenzi kunye nenkxaso ngemali nenkxaso yolawulo ukwenza umsebenzi eliwumiselweyo ngokusemthethweni. U-MEC [ILungu (lePhondo) leBhunga] nguye omisela iBhunga le-HWC kwaye wonyulwe njengomntu onegunya leNtshona Koloni.<br>• I-DCASinika iKomiti eququzelela aMagama eeNgingqi eNtshona Koloni inkxaso evunyiweyo kananjalo inika nenye inkxaso (WCPGNC) ukuqhuba umsebenzi ngokufakana imilomo noluntu mayelanemiba yokubeka emgangathweni omnye ukutshintshwa kwamagama. Iya kuthi yakuba iqoshelisiwe inkqubo yokufakana imilomo noluntu, iKomiti yephondo yenze izindululo kwiBhunga laMagama eeNgingqi eMzantsi Afrika.<br>IMidlalo noLonwabo:<br>I-DCAS igunyaziwe ukuba incede yaye ixhase uyilo lobume obuncedayo ukulungiselela imisebenzi yemidlalo nolonwabo eNtshona Koloni. |
| Icandelo 195; Iinqobo Ezisemgangathweni ezisisekelo nemiqathango yolawulo loluntu | Amagosa eDCAS anoxanduva lokusebenza ngokwecandelo 195, candelo elo lichaza iinqobo ezisemgangathweni zikarhulumente wabantu nemiqathangoelawulaamagosa oluntu. ICandelo 195(1)(*b*)lifuna indlela esebenzayo, nokukhuthazwa kokusebenzisa izixhobo zokusebenza kakuhle. Iyodwa nje loo nto ichaza ukuba iinkqubo ezithathwe sisicuku soluntu kufuneka sibenengeniso ngexabiso eliphantsi. |
| Amacandelo 92 ne-133 | Icandelo lama-92 lixinzelela into yokuba amalungu eKhabhinethi anoxanduva ngokuhlangeneyo |

| Icandelo | Ingcaciso |
|---|---|
| | nangokuzimela kwiPalamente ngokusebenzisa amagunya awo nendlela yokwenza imisebenzi yawo,<br>kananjalo lichaza into yokokuba kufunekaloo malungu anikezele iPalamente ngeengxelo ezipheleleyo<br>yaye ezinikezelwa rhoqo ezibhekiselele kwimiba ephantsi kolawulo lwawo.<br>ICandelo-133 lwandisaoluhlobo lokuthwalwa koxanduva ngoo-MEC [AmaLungu eBhunga eliLawulayo] bephondo,kunye nooMEC abanika indlu yowiso-mthetho iingxelo ezipheleleyo yaye ezinikezelwa rhoqoezibhekiselele kwimiba ephantsi kolawulo lwawo. |
| **UMgaqo-siseko waseNtshona Koloni, uMthetho woku-1 we-1998** | |
| ICandelo 5 | Ngokweenjongo zikaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni:<br>• Kuzakusetyenziswa iilwimi ezintathu ezisemthethweni, isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa; kwaye<br>• Ezilwimi zakusetyenziswangokulinganayo.<br>Kufuneka (WCG), ngokusebenzisa umthetho neminye imiqathango, ilawuleze ibeke ilisongokusetyenziswa kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa.<br>• Kufuneka i-WCG (uRhulumente wephondo leNtshona Koloni) imisele imiqathango esebenzayo nefanelekileyo ukuphakamisa umgangatho nokuqhubela phambili ukusebenza kweelwimi zabantu bomgquba eNtshona ngaphambili. |
| ICandelo 70 | Kufuneka umthetho wephondo unikezele ngenkxaso-mali ebonakalayo, kwizixhobo zokusebenza ezikhoyo kuRhulumente weNtshona Koloni zebhunga lezenkcubeko okanye amabhunga enkcubeko oluntu lweNtshona Koloni, lusabelana ngenkcubeko efanayo nelifa lemveli kwezokusetyenziswa kolwimi.<br>Ukubhaliswa nokuxhaswa kwamabhunga enkcubeko:<br>IKomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni (WCCC), inikwe umsebenzi wokubhalisa nokuxhasa amabhunga enkcubeko abhalisileyo. Ikwayi-DCAS enoxanduva lokubeka iliso kwi-WCCC kwaye inike iKomishini inkxaso kwezolawulo nangezemali. |
| ICandelo 81 | Kufuneka uRhulumente waseNtshona Koloni amisele azeasebenzise imigaqo-nkqubo ukukhuthaza nokugcina intlalontle yabantu beli phondo, kuquka imigaqo-nkqubo ejoliswe ekuphumezeni:<br>• Ukukhuthaza intlonipho yamalungelo enkcubeko, inkolo noluntu lokusetyenziswa kweelwimi kwiNtshona Koloni<br>• Ukhuseleko lolondolozo lwembali yezendalo, imbaliyenkcubeko, ilifa lemveli eze ngokweakhiyoloji nezakhiwo zaseNtshona Koloni ukulungiselela izizukulwana zangoku nezizayo.<br>I-DCAS isebenzisa imigaqo-nkqubo ethile ukuxhasa le mimiselo. |
| ICandelo 82 | Imiqathango esisikhokelo yomgaqo-siseko wephondo kwiSahluko10 (icandelo81) ayisosinyanzeliso ngokomthetho, kodwa isisikhokelo kuRhulumente weNtshona Koloni ekwenzeni nasekusebenziseni imithetho. |

## 4.2 Izigunyaziso zoMthetho

| Umthetho kaZwelonke | Isalathisi | Inkcazelo |
|---|---|---|
| UMthetho woLawulo lukaRhulumente wama-2014 | UMthetho 11 wama-2014 | Ukukhuthaza intsulungekoyesiseko nemithetho-siseko elawula ulawulo lukarhulumente ekubhekiselelwe kwiCandelo 195(1) loMgaqo-siseko; ukubonelela ngokhutshelo nokubolekiswa kwabaqeshwa abakulawula lukarhulumente; ukulawula ukuqhutywa koshishino kuRhulumente; ukubonelela ngophuhliso lwamakhono noqeqesho; ukubonelela ngokusekwa kweSikolo seSizwe sikaRhulumente, ukubonelela ngokusetyenziswa kwetheknoloji yengcaciso nonxibelelwano kulawulo lukarhulumente, ukusekwa kweYunithi yeNkxaso yoBugcisa yoLawulo lukaRhulumente lweeNqobo zokuziPhatha, iMfezeko noLuleko; ukubonelela ngethuba lokuba uMphathiswa amilisele imilinganiselo nemigangatho ephantsi yolawulo lukarhulumente; ukusekwa kweOfisi yeMigangatho noHambelwano lwemilinganiselo nemigangatho ephantsi, ukuxhotyiswa koMphathiswa ukulungiselela ukwenza imimiselo; nokubonelela kwimiba enxulumene noko. |
| UMthetho woLawulo lweMali | Umthetho 1 ka-1999 | UMthetho woLawulo lwezeMali zoRhulumente (PFMA)<br>• ujongene nolawulo lwemali yoorhulumente, okazwelonke |

| Umthetho kaZwelonke | Isalathisi | Inkcazelo |
|---|---|---|
| kaRhulumente,1999 | | nowephondo, amaqumrhu adwelisiweyo, amaziko asemthethweni nezindlu zowiso-mthetho ephondo<br>• uqinisekisa ukuba yonke ingeniso, inkcitho, iasethi nezinto ezingamatyala kula maziko zilawulwa ngokufanelekileyo<br>• Kwayeuchaza uxanduva olunikwe abantu ngolawulo lwezemali kula maqumrhu. |
| UMthetho weNkonzo zoLuntu, 1994 (ngokulungisiweyo, *phakathi kwezinye izinto*, uMthetho oLungisayo weNkonzo zoLuntu, 2007) | Proclamation 103, Government Gazette 15791 of 3 June 1994 noMthetho 30 ka-2007. | Lo Mthetho wenza isibonelelo sequmrhu nolawulo lwe-DCAS, ukulawula iimeko zengqesho, ixesha lokuba sesikhundeni, indlela yokuziphatha, ukuziphatha, ukuthatha umhlala-phantsi nokukhululwa kwamalungu enkonzo zoluntu, nemiba ehambelana nazo. |
| UMthetho wokwaHlulwa kweNgeniso,(qho ngonyaka) | Kubakho uMthetho omtsha unyaka nonyaka. | Unyaka ngamnye, uMthetho wokwaHlulwa kweNgeniso (DORA):<br>• Umisela ukuhlulahlulwa ngokulinganayo ingeniso eyenziwe kumanqanaba karhulumente kazwelonke, awephondo nawommandla;<br>• ulawula isabelo esifanelekileyo phakathi kwamaphondo kwingeniso yephondo; kwaye<br>• wenza izabelo eziya kurhulumente wamaphondo, owommandla okanye oomasipala, mali leyo sukuba ivela kurhulumente wesizwe ephuma kwakuloo ngeniso, ngokuxhomekeke kwiimeko<br>I-DCAS ifumana izibonelelelo-mali ezinemiqathango kurhulumente kazwelonke kwaye luxanduva lwayo ukulawula ezi mali. |
| UMthetho woFikelelo kuLwazi, 2000 | UMthetho 2 ka-2000 | • Lo Mthetho unikailungelo lokufikelela kwiirekhodi ezisezandleni zorhulumente, amaziko karhulumente nakumaqumrhu azimeleyo. Phakathi kwezinye izinto, i-DCAS kunye nalo naliphi na elinye iqumrhu lorhulumente nelo lizimeleyo kufuneka lenze imanyuwali ukucacisela amalungu oluntu ngendlela yokufakwa kwezicelo zokufikelela kwiinkcukacha zolwazi ezisezandleni zequmrhu; kwayekuqeshwe igosa eliya kujongana nezo nkcukacha zolwazi ukuze liqwalasele ufikeleleko lolwazi olusezandleni zequmrhu. |
| UMthetho wokuKhuthazwa koLawulo ngobuLungisa, 2000 | UMthetho 3 ka-2000 | Lo Mthethoochaza ngemithetho nezikhokelo ekufuneka abalawuli bazilandele xa besenza izigqibo;<br>• Umisela ukuba abalawuli babazise abantu ngamalungelo abo okuphononongа okanye ukubhena kwanelungelo labo lokufuna izizathu;<br>• Umisela abalawuli ukuba banike izizathu ngokumayela nezigqibo zabo; kwaye<br>• Unika abantu ilungelo lokuzisa enkundleni izigqibo zabalawuli. |
| UMthetho waMaziko eNkcubeko, 1998 | Umthetho119 ka-1998 | Kufuneka iDCAS iqhagamshelane, kwaye isebenzisane namaziko abhengezwe ukuba ngawenkcubeko kuzwelonke ngokwemiba yobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli. |
| UMthetho wokuKhuthazwa kweNkcubeko,1983 | Umthetho 35 ka-1983 | Lo mthetho wanikwa iNtshona Koloni, kwayeke iDCAS inoxanduva lokuthobela imiqathango yoMthetho. |
| UMthetho weMicimbi yeNkcubeko (iNdlu yoWiso-mthetho),1989 | Umthetho 65 ka-1989 | Lo mthetho-siseko wanikwa iNtshona Koloni kwaye iDCAS inoxanduva lokuhambelana nemiqathango yoMthetho. |
| UMthetho weSizwe woVimba waMaziko oMzantsi Afrika,1996 | Umthetho 43 ka-1996 | I-DCAS inoxanduva lokukhetha umntu ozakumela iphondo leNtshona Koloni kwiKomiti yeeNgcebiso kaZwelonke yaMaziko oLondolozo lweeNkcukacha zakuDala eziBalulekileyo. ISebe linoxanduva lokuhlangabezana nemimiselo nemigangatho ebekelwe uzwelonke phantsi kwalo Mthetho. |
| UMthetho kaZwelonke weBhunga | Umthetho 56 ka-1997 | I-DCAS inoxanduva lokukhetha umntu ozakumela iphondo leNtshona Koloni kwiBhunga lezoBugcisa leSizwe(NAC) ukuze basebenzisane kananjalo banxulumane ne(NAC), kwaye nakulawulo lwesibonelelo mali seNAC |

| Umthetho kaZwelonke | Isalathisi | Inkcazelo |
|---|---|---|
| lezoBugcisa, 1997 | | kwanokuphuhlisa ubugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni. |
| UMthetho kaZwelonke weBhunga laMafa eMveli, 1999 | Umthetho 11 ka-1999 | I-DCAS inoxanduva lokukhetha umntu ozakumela iphondo leNtshona Koloni kwiBhungaleLifa leMvelileSizwe (NHC) kwanokusebenzisana nokunxulumanisa imisebenzi ephathelelene nokubonelela ngemali kwaneeprojekthi ezenziwa yiNHC kwiNtshona Koloni. |
| UMthetho weZixhobo zeLifa leMveli, ka-1999 | UMthetho 25 ka-1999 | I-DCAS iqinisekisa ukuhambelana neNHRA ngokubeka iliso kuphakamiso-magama apho kuya kukhethwa umntu oza kumela iphondo leNtshona Koloni, kungakuhlexa inokuba lilungu leBhunga leArhente yeziXhobo zeLifa leMveli (SAHRA).<br>I-DCAS iqinisekisa ukuhambelana nomthetho ngokuba kufuneka uMEC akhethe iBhunga leLifa leMveli leNtshona Koloni (HWC)- libeligunya lelifa lemveli kwiphondo leNtshona Koloni. ISebe likwanoxanduva lokuqhagamshelana nokusebenzisana neSAHRA, i-HWC noomasipala mayela nokulawula izixhobo zokusebenza ngelifa lemveli. I-DCAS incedisa uMEC kwimiba yezibheno engeniswe kuye ezayamene le-HWC. |
| UMthetho weBhodi yokuSetyenziswa kweeLwimi eMzantsi Afrika, 1995 | UMthetho 59 ka-1995) | Phakathi kwezinye, izinto lo Mthetho umisela ukuba iPan South African Language Board (PanSALB) imisele ikomiti yeelwimi yephondo (PLC) kwiphondo ngalinye. I-PanSALB inegunya lokuqwalasela le PLC sele ikho njenge PLC ye-PanSALB, ukuba ngaba ikomiti leyo imelwe ngokufanelekileyo ngokweemfuno zeelwimi kwiKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni njengomsebenzi we-PLC weNtshona Koloni. |
| UMthetho weBhunga laMagama eendawo eMzantsi Afrika,1998 | UMthetho 118 ka-1998 | I-DCAS inoxanduva lokusebenza ngokuvumelana nemimiselo yalo Mthetho ukuze kunyulwe umntu oya kuba ngummeli aze abe kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika; ukuze enze uphando ngamagama eendawo kwiNtshona Koloni; ukuqinisekisa ukuba loo magama kuvunyelenwe ngawo; kwaye apho kukho imfuneko, aququzelele ukubonisana noluntu malunga neenguqu eziphakanyiswayo ngala magama. ISebe lona linika inkxaso esemgangathweni kunye nayo nayiphi enye inkxaso kwiKomiti ejongene naMagama eeNdawo. Yakuba igqibekile inkqubo yokubonisana noluntu i-WCPGNC iya kwenza izindululo kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika. |
| UMthetho weNgqungquthela yeLifa leMveli kwiHlabathi,1999 | UMthetho 49 ka-1999 | I-DCAS inoxanduva lokunyula ummeli oya kuba kwiKomiti yeeNgcebiso ngeLifa leMveli loMzantsi Afrka yeHlabathi.<br>Eli Sebe likwanoxanduva lokuvumelana neMimiselo yoMthetho nakwiNgqungquthela yezaMafa eMveli yeHlabathi malunga nokukhethwa kweesayithi ezinakoukuba liLifa leMveli kuLuhlu lweXeshana eMzantsi Afrika zize zithunyelwe kwiKomiti ejongene naMafa eMveli ye-UNESCO |
| UMthetho weMidlalo noLonwabo kuZwelonke, 1998 | UMthetho 110 ka-1998 | Ukuqinisa nokuququzelela ubudlelwane bokuphuhliswa nokukuthazwa kwezemidlalo nolonwabo phakathi kweSASCOC (South African Sports Confederation and Olympic Committee), iSport and Recreation South Africa (SRSA) imifela-ndawonye yezemidlalo, amabhunga ezemidlalo nezinye iiarhente.<br>Lo Mthetho ukwalungelelanisa imiqathango ejolisweni ekumiseleni ulingano kwimidlalo nolonwabo, ukukhuthaza ulingano nentando yabantu kwimidlalo nolonwabo nokunika iindlela zokuthatha izigqibo kwimidlalo nolonwabo. |
| UMthetho wokuKhuselwa kweNgcaciso yoMntu, 2013 | UMthetho 4 ka-2013 | UMthetho ukhuthaza ukukhuselwa kwengcaciso yomntu equlunqwe ngamaqumrhu karhulumente nawangasese; ukuveliswa kwemiqathango ethile ukulungiselela ukusekwa kweemfuno ezingephi ezilungiselelwe ukuqulunqwa kwengcaciso yomntu. Ngaphezulu, uMthetho unikezela ngokusekwa kuMlawuli wengcaciso ukulungiselela ukusebenzisa amagunya athile nokwenza imisebenzi ethle ngokuhambelana nalo Mthetho kunye noMthetho wokuKhuselwa kweLungelo lokufumana iNgcaciso, wama-2000.<br>UMthetho ngaphezulu unikezela ngokukhutshwa kweendlela zokuziphatha; kulungiselelwa amalungelo abantu ngokubhekiselele unxibelelwano lwe-elekhtroniki engabongozwanga kunye nokuthatyathwa kwesigqibo okuziqhubekelayo; ukulawula ukungena nokuphuma kwengcaciso yomntu kuyo yonke imida yeRiphabliki; nokunikezela ngemiba enxulumene noko. |

| Umthetho wePhondo | Isalathisi | Inkcazelo |
|---|---|---|
| UMthetho wokuSetyenziswa | UMthetho 13 ka-1998 | IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni yamiselwa ngokwalo Mthetho, phakathi kwezinye izinto: |

| Umthetho wePhondo | Isalathisi | Inkcazelo |
|---|---|---|
| koLwimi eNtshona Koloni, 1998 | (INtshona Koloni) | • Ukubeka iliso ekusetyenzisweni kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa nguRhulumente weNtshona Koloni;<br>• Ukwenza izindululo kuMEC nakwiPalamente yePhondo malunga nomthetho, inkqubo kunye nomgaqo-nkqubo ophakanyiswayo okanye osele ukho wokujongana ngqo okanye ngokungangqalanga osebenza ngolwimi eNtshona Koloni;<br>• Ukukhuthaza ngenkuthalo imithetho-siseko yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi;<br>• ukukhuthaza uphuhliso lweelwimi ezazikade zingananzwanga ngaphambili, oko kwenziwe ngokuzimisela;<br>• ukunika iingcebiso kuMEC nakwiKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni malunga nemiba ephathelelene nolwimi kwiPhondo; kwaye<br>• Ukunika iingcebiso i PanSALB malunga nemiba ephathelelene neelwimi eNtshona Koloni.<br>I-DCAS yiyo eliliso kwi-WCLC kwaye inika iKomiti inkxaso kwezolawulo nangemali. |
| UMthetho olawula iiKomishini zeNkcubeko namaBhunga ezeNkcubeko, 1998 | UMthetho 14 ka-1998 (INtshona Koloni) | Lo Mthetho umisela iKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni ukuba ithi, phakathi kwezinye izinto, iqwalasele ubhaliso nokurhoxa kwamabunga ezenkcubeko ekubhaliseni, amele uluntu kusabelwana ngelifa lenkcubeko nelolwimi ngendlela efanayo. I-WCCC iya kwenza iziphakamiso koku kulandelayo:<br>• ubugcisa obubukelwayo, obuboniswayo nobokubhala;<br>• Iisayensi zendalo nezingabantu;<br>• Imbali ngezenkcubeko; kunye<br>• nephulo lokwazisa lezenkcubeko nokubandakanyeka kolutsha kwezenkcubeko.<br>I-DCAS ili liso kwi-WCC kwaye inika iKomishini inkxaso kwezoLawulo nangeMali. |
| IMimiselo yoLawulo lweZixhobo zokuSebenza iLifa leMveli eNtshona Koloni, 2002 | PN 336 yomhla wama-25 ku-Okthobha, 2002 | I-DCAS ililiso kwiHeritage Western Cape – igunya lezibonelelo zephondo elamiselwa ngokwe-NHRA – nelinika inkxaso yezolawulo nangemali kwi-HWC. U-MEC unoxanduva lokumisela igunya nokumisela iBhunga eliya kuba sesikhundleni ngokulandelelana. |
| IMimiselo yoLawulo lweZixhobo zokuSebenzaiLifa leMveli eNtshona Koloni, 2003 | PN 298 yomhla wama-29 kuAgasti 2003 | DCAS ililiso kwiHeritage Western Cape – igunya lezibonelelo zephondo elamiselwa ngokwe-NHRA – nelinika inkxaso yezolawulo nangemali kwi-HWC. U-MEC unoxanduva lokumisela igunya nokumisela iBhunga eliya kuba sesikhundleni ngokulandelelana. |
| Umthetho i-Provincial Archives and Records Service of the Western Cape Act, 2005 | UMthetho 3 wama-2005 (INtshona Koloni) | Lo Mthetho umilisela iNkonzo yePhondo yeeAkhayivu neeRekhodi zeNtshona Koloni ukuba kugcinwe iirekhodi zoburhulumente nezingezozikarhulumente ezinexabiso lokuba zingasetyenziswa luluntu nabubuRhulumente; ukuzenza ezo rekhodi zifikeleleke; nokukhuthaza indlela oluzisebenzisa ngayo uluntu. |
| I-Museums Ordinance, 1975 | I-Ordinance 8 ka-1975 (IPhondo leKoloni) | I-DCAS inoxanduva lokukhawulelana nemimiselo yale Ordinance njengoko ichaphazela iimyuziyamu zephondo kwiNtshona Koloni. Umthetho omtsha wezeemyuziyam usayilwa ngokubonisana nabo bachaphazelekayo bathabatha inxaxheba |
| Oude Kerk Volksmuseum Van 't Land van Waveren (Tulbagh) Ordinance, 1979 | I-Ordinance 11 ka-1979 (IPhondo leKoloni) | I-DCAS inoxanduva lokusebenzisa nokukhawulelana nemimiselo yale – Ordinance ukulawula imicimbi ye- Oude Kerk Volksmuseum in Tulbagh |
| I-Ordinance emalunga neNkonzo yaMathala eencwadi eNtshona Koloni, 1981 | I-Ordinance 16 ka-1981 (IPhondo leKoloni) | I-DCAS inoxanduva lokusebenzisa inoxanduva lokusebenzisa nokukhawulelana nemimiselo yale –Ordinance ngokubhekiselele kumathala eencwadi ephondo akwiNtshona Koloni |

## 4.3 Izigunyaziso zomgaqo-nkqubo

**UBUME BOMGAQO-NKQUBO WESIZWE**

Izicwangciso zesizwe ezingundoqo ezinqamlezileyo ezithi izicwangciso zeSebe zisabele sisiCwangciso seSizwe soPhuhliso kunye nesiCwangciso-nkqubo seQhinga sesiThuba esiPhakathi (MTSF) 2015 – 2019.

IsiCwangciso seSizwe soPhuhliso sixhibe ekubhangiseni indlala nokunciphisa ukungalingani ngonyaka wama-2030 nokubonelela ngesicwangciso-nkqubo esibanzi seqhinga ukukhokhela ukukhetha okungundoqo nemisebenzi. Sithi thaca indlela elungeleleneyo nepheleleyo yokujamelana nendlala nokungalingani okusekwe kokujoliswe kuko okuthandathu, okuphambili olunxulunyanisiweyo okushwankathelwe apha ngasezantsi:

- Ukuhlanganisela bonke abemi boMzantsi Afrika kwenkqubo efanayo ukulungiselela ukufezekisa ubutyebi nobulungisa.
- Ukukhuthaza ubumi obusebenzayo ukuqinisa uphuhliso, idemokhrasi nokuthatyathwa koxanduva.
- Ukuzisa ukukhula okukhawulezileyo koqoqosho, utyalo-mali oluphezulu nokufakwa koninzi lwabaqeshwa emisebenzini.
- Ukunikwa kwengqwalasela kumakhono angundoqo abantu norhulumente.
- Ukwakhiwa korhulumente onekhono nophuhlayo.
- Ukukhuthazwa kobunkokheli obomeleleyo ngokuthi uluntu lusebenze kunye ukusombulula iingxaki.

Ukuhlanganisa konke abemi boMzantsi Afrika kwinkqubo efanayo, iNDP ichaza into yokokuba "ubugcisa nenkcubeko zivula amathuba anamandla engxoxo ngendawo uluntu oluzifumana lukuyo nalapho luya kuyo. Ngokukhuthazwa ngokufanelekileyo, amashishini oyilo nenkcubeko anakho ukunikela kakhulu kuphuhliso lwamashishini amancinane, kuyilo lwemisebenzi nophuhliso lwedolophu nohlaziyo ngokutsha."

Ukunika ingqwalasela kumakhono angundoqo abantu norhulumente, iNDP ichaza into yokokkuba "imidlalo idlala indima ebalulekileyo ekukhuthazeni impilo nolungelelwaniso lwentlalo." Imidlalo ebonwa njengomba onqamlezayo kwiNDP, enikelayo kwimfundo, impilo nolwakhiwo lwesizwe.

UMbono 2030 wesiCwangciso seSizwe soPhuhliso ngokunjalo uchaza nto yokuba ubugcisa, inkcubeko nelifa lemveli libonelela ngamathuba okunika ingqwalasela kwiziphumo ezingqamene nohambelwano/ubandakanyo lwentlalo nolwakhiwo lwesizwe.

Ngokuhambelana nesiCwangciso seSizwe soPhuhliso, urhulumente uphuhlise isiCwangciso-nkqubo seQhinga sesiThuba esiPhakathi (MTSF) esiyilelwe ukukhokhela umgaqo-nkqubo neenkqubo kwisithuba seminyaka emihlanu sowama-2015 – 2019. IMTSF yibloko yokuqala yokwakha yeminyaka emihlanu ebhekiselele ekufezekisweni kwesiCwangciso seSizwe soPhuhliso iMTSF iqulathe iziphumo eziphambili ezili-14:

| | |
|---|---|
| **Isiphumo seSizwe 1** | Imfundo yesiseko elungileyo |
| **Isiphumo seSizwe 2** | Ubomi obude nobunempilo obulungiselelwe bonke abemi boMzantsi Afrika. |
| **Isiphumo seSizwe 3** | Bonke abantu eMzantsi Afrika bakhuselekile yaye baziva bekhuselekile |

| | |
|---|---|
| **Isiphumo seSizwe 4** | Ingqesho enesidima ngokusetyenziswa kokukhula okubandakanyayo |
| **Isiphumo seSizwe 5** | Abasebenzi abanamakhono ukulungiselela ukuxhasa indlela yokukhula ebandakanyayo |
| **Isiphumo seSizwe 6** | Uthungelwano lwezibonelelo zoqoqosho ezifanelekileyo, ezikhuphisanayo nezisabelayo |
| **Isiphumo seSizwe 7** | Uluntu lwasemaphandleni oluhlakaniphileyo, olunobulungisa, oluzinzileyo olubonelelayo ngokubhekiselele kukhuseleko lokutya olulungiselelwe wonke umntu |
| **Isiphumo seSizwe 8** | Ukuhlaliswa kwabantu okuzinzileyo nokuphuculwa kokulunga kobomi bamakhaya |
| **Isiphumo seSizwe 9** | UMasipala osabelayo, othwala uxanduva, ofanelekileyo nosebenzayo |
| **Isiphumo seSizwe 10** | Ukukhuselwa nokwandiswa kwempahla yokusingqongileyo yethu nezibonelelo zendalo |
| **Isiphumo seSizwe 11** | Ukuyilwa koMzantsi Afrika ongcono, iAfrika engcono nehlabathi elingcono |
| **Isiphumo seSizwe 12** | Inkonzo karhulumente efanelekileyo, esebenzayo nejolise kuphuhliso |
| **Isiphumo seSizwe 13** | Ukhuselo lwentlalo |
| **Isiphumo seSizwe 14** | Ulwakhiwo lwesizwe nolungelelwaniso lwentlalo |

Umnikelo weSebe kufezekisolweZiphumo zeSizwe ezili-14 uhamba ngolu hlobo lulandelayo:

| ISIPHUMO SESIZWE | UMNIKELO WESEBE |
|---|---|
| **1** | Isahlulo esikhulu sohlahlo lwabiwo-mali lweSebe sichithwa ekuboneleleni iinkonzo zamathala eencwadi nokuthenga imathiriyeli yamathala eencwadi ukuxhasa ukuphuculwa kweziphumo zokufunda nokubhala.<br><br>INkqubo yeMOD ijolise kwimisebenzi eyenziwa kokuphuma kwesikolo elungiselelwe abantwana abasesesikolweni. Kukho ngokwakaloku nje amaZiko eMOD kwiPhondo ali-181 asekwe kwizikolo. Ukuthatyathwa kwenxaxheba ngabafundi kumaZiko eMOD kunceda ngokuhanjwa kakuhle kwesikolo ngabafundi, indlela yokuziphatha kwabafundi, intsebenziswano, ngokunjalo nokugcinwa kwabafundi benomdla wokuza esikolweni. Ngaphezulu, abafundi beZiko leMOD bafundiswa ngokusetyenziswa kwekharityhulam elungelelanisiweyo nezicwangciso zezifundo, ezithi zijolise ngokunjalo kuphuhliso lwamakhono okuphila.<br><br>ISebe liqhube ucweyo loovimba kwizikolo ukukhuthaza abafundi ukuba basebenzise imathiriyeli yoovimba ukongezelela izibonelelo zemfundo yembali nejografi. |
| **2** | ISebe likhuthaza imisebenzi yolonwabo nemidlalo kwiPhondo. Ulonwabo nemidlalo lukhuthaza ingqiqo yokuzivuselela ngomthambo ubomi bakho bonke. |
| **3** | IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo leSizwe leMidlalo noLonwabo (2012) liqaqambisa ukubaluleka kwemidlalo ngeenzame zokunciphisa ulwaphulo-mthetho.<br><br>INkqubo yeMOD ibandakanya ikharityhulam elungelelanisiweyo nezicwangciso zezifundo ezithi ngokunjalo zijolise kuphuhliso lwamakhono okuphila.<br><br>Abantwana abasesexabisweni lokuba sesikolweni bathabatha inxaxheba |

| ISIPHUMO SESIZWE | UMNIKELO WESEBE |
|---|---|
| | kwimisebenzi yasemva kokuphuma kwesikolo kumaZiko eMOD asekwe kwisikolo, ngoko kuyilwa indawo ekhuselekileyo nobume ukulungiselela ukuthatyathwa kwenxaxheba kwimisebenzi ezele lulonwabo, umdlalo, ulonwabo, imidlalo, ubugcisa, inkcubeko ngokunjalo nemisebenzi yemfundo. |
| **4** | Ukubonelelwa ngemisitho engundoqo kukhuthaza ukhenketho lwemidlalo. ISebe lisebenza nemibutho emanyeneyo yezemidlalo kwiPhondo ethi ifumane inkxaso-mai yemisitho engundoqo, inkxaso-mali ephuhlisayo nolawulo.<br><br>INkqubo yeMOD inceda umntu ngamnye ngoveliso lwengeniso ethi iphucule ukulunga kwempilo yakhe.<br><br>Ukuxhaswa nenkxaso-mali yokhenketho lwenkcubeko ngokusetyenziswa kweminyhadala kulo lonke iPhondo kubonelela ngoyilo lwemisebenzi. |
| **5** | Amathuba omsebenzi e-EPWP kumacandelo endalo nenkcubeko nentlalo ayanikezelwa. ISebe liququzelela amathuba omsebenzi kunye namathuba awahlukeneyo amaninzi olwakhiwo lwamakhono ngokusetyenziswa kweenkqubo ezijolise kumakhono afunyanwa lulutsha ukuququzelela ukungena kwalo kwimarike yomsebenzi. |
| **6** | IProjekti yoThungelwano lwamaThala eencwadi asemaPhandleni iyamiliselwa kuwo onke amathala eencwadi. Iprojekti iya kwandiswa ngokuqaliswa kwelungelo lokufumana ibroadband. |
| **7** | Amathala eencwadi amancinane asekiwe kwimimandla yasemaphandlei enabemi abambalwa ukulungiselela ukunikezela ngethuba lokufumana izibonelelo zamathala eencwadi kubemi basemaphandleni.<br><br>Iiklabhu kwimimandla yasemaphandleni ziyaxhaswa ngokusetyenziswa kweNkqubo yoPhuhliso lweKlabhu. AmaZiko eMOD kunye namaZiko oLonwabo aseziFama kunye/okanye oLuntu nawo ngokunjalo akwimimandla yasemaphandleni ukubonelela ngeenkonzo zemidlalo nolonwabo kuluntu lwasemaphandleni. AmaZiko eMOD asemaphandleni abandakanyiwe ngokunjalo kwinkqubo yesondlo. |
| **8** | Ulondolozo lweLifa leMveli yinxalenye yocwangciso nokulawula uphuhliso nezibonelelo zentlalo. Ngoko ke iSebe, ngothelelwano noomasipala, lixhibe ekuqinisekiseni ngento yokuba ilifa lemveli libandakanywa kucwangciso lwedolophu nengingqi kunye nophuhliso. |
| **9** | Inkqubo yoLawulo lweeRekhodi inceda amaqumrhu karhulumente, kubandakanywa noomasipala ukulawula iirekhodi ukuphucula ukunikwa kwengxelo nolawulo olulungileyo.<br><br>Ukuzibophelela kulungelelwaniso lweIDP ngonxibelelwano ngeIDP. |
| **10** | INkqubo yeMOD yekharityhulam ibandakanya ukufundiswa kwabafundi ukuhlonipha ubume bendalo. |
| **11** | Ukuxhasa kohlanganiso lwengingqi nekontinethi, inkqubo yeDCAS Africa Month ikhuthaza iPan Africanism ukwandisa ubandakanyo lwentlalo nokubhangisa ucalulo labantu bamanye amazwe. |
| **12** | Imidlalo nolonwabo kwiPhondo iqhutywa sisiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo yaye iinkonzo zinikezelwa ngothelelwano nemibutho yemidlalo neyentlalo kunye noomasipala. |
| **13** | - |

| ISIPHUMO SESIZWE | UMNIKELO WESEBE |
|---|---|
| **14** | ISebe likhuthaza iinqobo zoMgaqo-siseko nemiqondiso yesizwe ngokusetyenziswa kwemiboniso yethu, iinkqubo zikarhulumente, iintetho zoluntu, iinkqubo zemfundo, ukulawulwa kwezibonelelo zelifa lemveli, uphuhliso lolutsha, imidlalo nolonwabo kunyeneenkqubo zasemva kokuphuma esikolweni.<br><br>ILifa leMveli leNtshona Koloni, icandelo likarhulumente wephondo elisekwe ngokuhambelana noMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli, linoxanduva lokukhuthaza amaziko elifa lemveli athi abonakalise iinqobo zethu zolwabelwano.IKomiti yaMagama eeNdawo yeNtshona Koloni ikhuthaza ubandakanyo lwentlalo ngokusetyenziswa kolwazi nenkxaso elungiselelwe inkqubo yokuthiywa/ukuthiywa ngokutsha. Iinkqubo zeSebe nemisebenzi isekelwe ngeenkqubo zothatyatho-nxaxheba ezivuselelayo.<br><br>Injongo yeKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni kukukhuthaza, ukugcina nokuphuhlisa inkcubeko.<br><br>Ngokusetyenziswa kweenkonzo zoguqulelo nokutolika iSebe linikele kubandakanyo/kuhambelwano lwentlalo ngokuphucula unxibelelwano kwiilwimi ezintathu eNtshona Koloni yaye iKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni ibeka iliso yaye ivavanya ukumiliselwa koMgaqo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni.<br><br>Ngokusetyenziswa kweenkqubo zophuhliso nokukhuthazwa kobugcisa nenkcubeko, iSebe libonelela ngamathuba alungiselelwe ulutsha, abantu ababhinqileyo, amantombazana kunye nabantu abalimeleyo abaphuma kuluntu olwahlukeneyo okokuba banxibelelane, bafumana amakhono obugcisa nawokuphila. La mathuba alungiselelwe abasesichengeni nababevinjwe amathuba ngaphambili abonelela ngamaqongo obandakanyo lwentlalo apho kuya kuqiniswa ubandakanyo/ulungelelwaniso lwentlalo kuluntu.<br><br>Iimyuziyam zivuyisana neentsuku ezahlukeneyo zesizwe zokukhumbula ngeeprojekti zokufikelela kuluntu ezithi zikhuthaze ulungelelwaniso lwentlalo. Imiboniso ibonisa ikakhulu imiba ebingazange yabonakaliswa ngaphambili yengingqi nembali ehlangeneyo yoMzantsi Afrika, inikela ngaphezulu kulungelelwaniso lwentlalo.<br><br>Ulonwabo, iNkqubo yeMOD, nemisebenzi yeMidlalo yeZikolo eqhubekayo koomasipala abahlukeneyo ixhasa ngokulungileyo intlalo nonxibelelwano lolonwabo kwiingingqi zoluntu.<br><br>Amathala eencwadi asebenza njengendawo esembindini yokuhlangana yoluntu ekhuthaza nexhasa ubandakanyo lwentlalo.<br><br>Uluntu luyakhuthazwa ukuba lunikele ngembali yomlomo ukulungiselela ubandakanyo lwentlalo nokufumana ulwazi olungaphezulu olumalunga nelifa lemveli labo ngokufunyanwa kwemathiriyeli yoovimba ngoko kuqiniswa ingqiqo yobuni nobandakanyo lwentlalo. |

Le migaqo-nkqubo yesizwe ilandelayo namaqhinga afanelekileyo ngokunjalo kwisigunyaziso somgaqo-nkqubo weSebe:

| UMqaqo-nkqubo | Inkcazelo |
|---|---|
| **IMigaqo-nkqubo kaZwelonke** | |
| IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo kuZwelonke kwezoBugcisa, iNkcubeko neLifa leMveli(1996) | Olu xwebhu lwezicwangciso-nkqubo sandlala isikhokelo somgaqo-nkqubo wephondo sezobugcisa, inkcubeko, ilifa lemveli kunye neenkonzo zamathala eencwadi noLondolozo lwembali yakudala ebalulekileyo. |
| UMgaqo-nkqubo woLawulo | Olu xwebhu lulawula imida ethile ekumaqumrhu orhulumente ukuba kufuneka asebenze |

| UMqaqo-nkqubo | Inkcazelo |
|---|---|
| IweeRekodi (Imanyuwali yoMgaqo-nkqubo woLawulo IweeRekhodi, 2007) | ngokolawulo lweerekhodi zabo nangendlela elujonge ngayo ulawulo lweerekhodi zamaqumrhu orhulumente eNtshona Koloni i-DCAS |
| Ukulawula iiRekhodi ezikwiElektronikhi kuMaqumrhu oRhulumente; uMgaqo-nkqubo, iMithetho-siseko neMimiselo (2006) | Lo Mgaqo-nkqubo unika isikhokelo kumaqumrhu orhulumente ukuwabceda ekubeni akwazi ukuthobela imimiselo yomthetho malunga neerekhodi ezikwielektronikhi neziyinxalenye ebalulekileyo yolawulo lwemithombo yeerekhodi. I-DCAS kufuneka ingqinelane nemimiselo ebekiweyo nesebenzayo ekwimigangatho kazwelonke neyehlabathi ngokumayela ne-hardware, isoftware nokugcinwa kweengcombolo zovimba wolondolozo. |
| IziBhengezo ze-Indaba emalunga nezeMidlalo nezoLonwabo(2011) | Oku kumisela ukuba i-DCAS ingqamanise iinjongo eziphambili kunye negunya-qhinga loniko-nkcazo elicacisa ngombono wezemidlalo nolonwabo de ibe ngowama-2020. |
| ISicwancgsio sezeMidlalo noLonwabo sikaZwelonke (2012) | IsiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo (NSRP) sichaza umbono wezemidlalo nolonwabo eMzantsi Afrika de ibe ngowama-2020, sigxininisa, yaye sisebenza zithabathekise isizwe. |
| IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo leSizwe malunga neMidlalo noLonwabo (2012) | Umgaqo-Nkqubo ubalula ezi zinto zilandelayo:<br>• Ukukhulisa amanqanaba okuthatha inxaxheba kwimidlalo nolonwabo<br>• Ukuphakamisa ixabiso lemidlalo kukruthwa-kruthwano lwemiba etshisa ibunzi<br>• Ukuzama ukukhulisa impumelelo yeminyadala emikhulu<br>• Ukwenza ezemidlalo umzamo ophambili ukunciphisa ulwaphulo-mthetho. |
| ISikhokelo soMgaqo-nkqubo se- Government-wide Monitoring and Evaluation Policy System 2007 | Injongo yoBeko liso ebanzi kaRhulumente noVandlakanyo – ebizwa ngokuba yi-Government-wide Monitoring and Evaluation (GWM&E) System kukwenza igalelo lokuphucula ulawulo lwequmrhu nokuphucula ukusebenza kakuhle kwamacandelo namaqumrhu azimeleyo. Olu xwebhu lubonisa ukuxanda kwesikhokelo somgaqo-nkqubo wobeko-liso novavanyo (M&E) eMzantsi Afrika. Lukhuthaza iziphumo ezigxile kwezolawulo. |
| IPhepha loGayo-zimvo malunga no noBeko-liso kuLawulo noVavanyo lwendlela yokuSebenza (2009) | Olu xwebhu lujoliswe ekubeni amagosa orhulumente akwazi ukusebenza kwaye igunya elilawulayo likwazi ukugxila ekuphunyezweni kweziphumo nasekuveliseni indima ebonakalayo ekhankanyiweyo kwisikhokelo i Medium Term Strategic Framework (MTSF). Oku kwenzelwe injongo yokukhuthaza onke amanqanaba ukuba enze umsebenzi omhle nosemgangathweni lisebe nangabantu. |
| Izikhokhelo zaMasebe kaZwelonke nePhondo eziLungiselelwe uLungiselelo lwesiCwangciso-nkqubo seM&E | Ezi zikhokelo zibonelela ngophuhliso lwesicwangciso-nkqubo sokubekwa kweliso novavanyo kuwo onke amaziko karhulumente. Zisetyenziselwa ukuba zisetyenziswe njengezixhobo zokuvavanya inkqubela phambili yamaziko ithelekiswa neenjongo zawo ezichaziweyo. Le nkqubo idinga amasebe ukuba abe nengqiqo ebanzi yazo zonke iinkqubo zenkcukacha zolwazi zolawulo, iiseti neenkcukacha zolwazi zolawulo nemiqondiso yendlela yokusebenza. Imiqondiso kufuneka inxulunyaniswe kwizigunyaziso zomgaqo-nkqubo yaye uhlahlelo lweseti zemiqondiso kufuneka luqhubeke ukuqinisekisa ubudlelwane besizathu nomphumela, apho ikhoyo. |
| i-Expanded Public Works Programme (EPWP) | IziCwangciso zokuSebenza ze-EPWP zeCandelo lezeNtlalo (Imidlalo) neCandelo lezokusiNgqongileyo neNkcubeko (IMicimbi yeNkcubeko) imisela ukuba i-DCAS isebenzise icandelo lobonelelo ngemali ukunciphisa nokucutha intswela-ngqesho. |

| Amaqhinga | Inkcazelo |
|---|---|
| **Amaqhinga kaZwelonke** | |
| IGranti eneMiqathango: yeNkqubo yokuXhobisa aMathala eencwadi kwakhona ukuphucula iinkonzo zethala leencwadi loluntu | I-DCAS inoxanduva kwanokulawula le projekthi yeGranti yeNtshona Koloni ngempumelelo. |
| IQhinga loQoqosho loMzantsi's Golden | IDCAS inoxanduva lokumilisela, ngentsebenziswano neSebe leSizwe loBugcisa neNkcubeko namanye amaqabane nabachaphazelekayo abangundoqo, ukulungiselela amangenelo angundoqo athiwe thaca kwiqhinga leNtshona Koloni. IQhinga, elijolise kumashishini oyilo nenkcubeko, lixhibe ekunikeni ingqwalasela yokokuba ubugcisa, inkcubeko necandelo lelifa lemveli libe liliza neenguqu yaye libe leliyilayo yaye igalelo likarhulumente libe kukuyila ubume ubuncedayo nenkxaso kwicadelo ukuze lisebenze ngokupheleleyo. |

| Amaqhinga | Inkcazelo |
|---|---|
| UMda ekuJoliswe kuwo: IQela elinoXanduva eliHlanganyelayo leMidlalo yeZikolo lePhondo (2012) | I-DCAS inikwe umsebenzi yi-SRSA naliSele leSizwe leMfundo esiSIseko ukuba imisele iQela eHlanganyelweyo leMidlalo yeZikolo lePhondo ukuba ibe lilo eliliso, umnxulumansi nomfezekisi weqhinga lezemidlalo, kwanokuqinisekisa ukuba izikolo ziyabandakanyeka emidlalweni. |
| Izikhokelo zokumiselwa kweKomiti ezijongene neKhowudi yeKomiti ukuxhasa iMidalo yeZikolo (2013) | I-SRSA kunye neSebe leMfundo lizisa iZikholeko ezisiSiselo ezicazisa ngezikhokelo zokumisela ikomiti ejongene nekhowudi yemidlalo ngokukodwa eyezikolo eseketheni, kwisithili nakwiphondo. I-DCAS ixhasa iSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED)ekunxulumaniseni imidlalo ephathelelene nemidlalo eyahlukeneyo ezikolweni.Iikomiti ezijongene nonxulumaniso lwemidlalo ethile kufuneka zinike ingxelo kwiimanyano zemidlalo ezichaphazelekayo. |

**UBUME BOMGAQO-NKQUBO WEPHONDO**

IsiCwangciso seQhinga sePhondo lululwe lweenjongo zeqhinga ezingxabalazileyo ukulungiselela uRhulumente weNtshona Koloni, ukuthi thaca iziphumo ezicacileyo ekufuneka zifezekiswe kwisithuba esiphakathi. Ezi njongo zibonisa iimfuno nokuphambili kuRhulumente weNtshona Koloni yaye zisetyenziselwa ukuqhuba ukwenziwa komsebenzi okuhlangeneyo nokuphuculweyo kulo lonke icandelo likarhulumente kwiNtshona Koloni.

IiNjongo zeQhinga zePhondo ezilungiselelwe owama-2015 ukuya kowama-2019 zezi:




| INJONGO YEQHINGA 1: Ukuyila amathuba okukhula nemisebenzi | INJONGO YEQHINGA 2: Ukuphucula iziphumo zemfundo namathuba okuphuhliswa kolutsha | INJONGO YEQHINGA 3: Ukwandisa impilo, ukhuselo nokujongana neenkohlakalo zentlalo | INJONGO YEQHINGA 4: Ukunceda ubume bokuphila obomeleleyo, obuzinzileyo, obulungileyo nokubandakanyayo |
|---|---|---|---|
| INjongo yeQhinga 5: Ukondelelisa ulawulo olulungileyo nonikezelo lwenkonzo oluhlangeneyo ngothelelwano nolungelelwaniso lwesithuba | | | |

Iinkqubo zeSebe namalinge asabela kwiinjongo zeQhinga zePhondo njengokukulandelayo:

| PSG | UMNIKELO WESEBE |
|---|---|
| PSG 1 | ISebe landise uthelelwano ngeminyhadala namaziko emfundo ephakamileyo ukuyila imisebenzi engaphezulu namathuba oqeqesho kumashishini oyilo ukulungiselela abthathi-nxaxheba kwinkqubo.<br>Izithuba eziyiliweyo ze EPWP ezingama-397 ngowama-2015/16 kwicandelo lenkcubeko ngeMicimbi yeNkcubeko.<br>Unikezelo lwelungelo lokufumana i-intanethi ibroadband neWifi kumathala eencwadi kawonke-wonke.<br>Unikezelo lwengxowa-mali kubasebenzi bethala leencwadi kawonke-wonke abangama-885koomasipala.<br>Izithuba ezingama-832 eziyiliweyo kwicandelo lezemidlalo nezelonwabo. |
| PSG 2 | Isivumelwano sothelelwano phakathi kweUWC neDCAS lubonelela ulutsha oluphuma kwimibutho exhaswa ngemali ngethuba lokufumana uqeqesho oluqinisekisiweyo kufundo lomculo.<br>Abatyeleli babasebenzi bahlohla kumaziko ahlukeneyo emfundo ephakamileyo, umz. iUCTkubafundi benqanaba elingaphezulu kwesidanga bezinto zakudala iakhiyoloji.<br>Unxibelelwano nawo onke amaziko eMfundo ePhakamileyo ngamathuba omsebenzi kummandla welifa lemvelo. Oku kubandakanya ummandla woyilo lwezakhiwo, ubunjineli, uvavanyo lobungakanani bempahla neyemfundo ngezinto zakudala.<br>Imathiriyeli yethala leencwadi, kubandakanywa izibonelelo zekhompyutha, ezithengiweyo. Amathala eencwadi akhuthaza ukufunda. Uphando olubonisa okokuba ukusetyenziswa kwamathala eencwadi kawonke-wonke anakho ukukhokhelela ekuphuculweni kweziphumo zemfundo/kwamanqanaba afikelelweyo.<br>ISebe liqhuba ucweyo lolwazi loovimba ezikolweni ukukhuthaza abafundi ekusebenziseni imathiriyeli yoovimba ukwandisa izibonelelo zemfundo yembali neyomnombo.<br>ISebe lisebe elinkqenkqeza phambili kuTshintsho loMdlalo wabasele besishiyile isikolo yaye linikezela ngeenkqubo zaseMva kokushiya isikolo, ezizezi, imidlalo yeMOD, iinkqubo zobugcisa nenkcubeko, kunye neenkqubo zemidlalo zezikolo ezisebumelwaneni, ukwangezelela kukusebenza neemyuziyam namathala eencwadi ukuyila amathuba kubafundi abasesesikolweni. Umsebenzi ohleli eofisini woluTshintsho loMdlalo kwisene ulungelelanisa umsebenzi weSebe lezeMfundo, uPhuhliso lweNtlalo, uKhuselo loLuntu, iSebe leNkulumbuso, iSixeko saseKapa ukuqinisekisa ngelungelo lokungena elandisiweyo kwinkqubo zasemva kokushiya isikolo kubafundi bezikolo ekungahlawulwayo nezo zinomrhumo ophantsi.<br>ISebe libonelela ngokunjalo, ngeekampu zolutsha, uthatyatho-nxaxheba ikakhulu kwimisitho yemidlalo neyolonwabo, amavolontiya, ukufunda usengqeshweni, ukhuphiswano lwezikolo (kwisizwe, kwiphondo, kwisithili nakwingingqi).<br>Iinkqubo zemfundo ezinikezelweyo kwiimyuziyam ezihlangeneyo zilungelelaniswe nekharityhulam esesikweni enikezela ngamalungu kubafundi ukuba bandise amava abo emfundo. |
| PSG 3 | Ngokusetyenziswa kweenkonzo zenkxaso kwimyuziyam zengingqi, iSebe linikelo kwingqiqo yobunini ngokuveliswa kwemiboniso ejikezelayo kwimiba engakhathalelwanga yembali yentlalo, ngokusetyenziswa kwenkxaso-mali nokubekwa okwethutyana elithile kwamagosa okokuba asebenze kwiimyuziyam nangohlaziyo olubonakalisiweyo ukubonisa imbali ebandakanyayo.<br>IKomiti yaMagama eeNdawo, ngenkxaso yalo koomasipala nemibutho engekho |

| PSG | UMNIKELO WESEBE |
|---|---|
| | phantsi kolawulo lukarhulumente, kwingqiqo yobandakanyo phakathi kwabemi beNtshona Koloni.<br><br>Ulwandiso lweenkonzo ngokusetyenziswa kokusekwa kwamathala eencwadi amatsha namathala eencwadi amancinane. Ukuthengiswa kweenkonzo zethala leencwadi.<br><br>ISebe linikela kulwandiso lwempilo ngokubonelela ngeenkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo, iikampu zolutsha, uthatyatho-nxaxheba ikakhulu kwimisitho yemidlalo neyolonwabo, amavolontiya, ukufunda usengqeshweni, ukhuphiswano lwezikolo (kwisizwe, kwiphondo, kwisithili nakwingingqi), IBTG, iiNkqubo zokuphila, iJimnaziyam, neNkqubo yokulwa amaQela emiGulukudu. |
| PSG 4 | Ukulawulwa kweZibonelelo zelifa lemveli yinxalenye yocwangciso nolawulo lophuhliso nezibonelelo zentlalo. Ngoko ke iSebe ngothelelwano noomasipala lixhibe ngokuqinisekisa ngento yokuba ilifa lemveli lihlanganiswe kwisicwangciso nophuhliso lwedolophu nengingqi.<br><br>ISebe liqhubekile linxibelelana noomasipala ukulungiselela ukunikezela ngeenkonzo ezihlangeneyo zamathala eencwadi kawonke-wonke.<br><br>Ngokubonelela ngeziko loyilo ukubonakalisa ubugcisa, inkcubeko nolwimi kwandisa igqiqo yokuphila komntu ngokunjalo nokukhuthaza intlonipho enkulu kwiyantlukwano yentlalo nenkcubeko.<br><br>ISebe ligcina yaye linikezela ngethuba lokunikezela oovimba belifa lemveli kuluntu ukulungiselela ukubandakanywa kwentlalo. Ukufakwa kwikhompyutha kovimba kuya kuququzelela ukunikezela ngethuba elikhawulezayo nelilula lokufumana oovimba belifa lemveli kuwonke-wonke. Ulwazi loovimba neenkqubo zokufikelela kuluntu ziyaqhutywa ezikolweni nakuluntu ukulungiselela ubandakanyo lwentlalo nolwazi olwandileyo loovimba.<br><br>Izibonelelo zeMidlalo noLonwabo zinceda ngokuhlaliswa kwabantu okuhlangeneyo. |
| PSG 5 | Ukuthatyathwa kwenxaxheba kwiinkqubo zeIDP neSDF zeSebe leMicimbi yezeNdalo noCwangciso loPhuhliso nooMasipalakwandisa i- IGR yeSebe.<br><br>ULawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli lusebenza ngokusondeleyo neSebe looMasipala ngokubhekiselele kulawulo lwezibonelelo ezi-3 zelifa lemveli. Luzama ikwandisa ubudlelwane balo neSebe leMicimbi yeNdalo noCwangciso loPhuhliso ngokuhambelana neenkqubo zeEIA.<br><br>IiNkonzo zoLwimi zinikela ngolawulo olulungileyo kunye nonikezelo lwenkonzo oluhlangeneyo ngokubonelela ngeenkonzo zenkxaso yoguqulelo, yohlelo nokutolika kumasebe karhulumente wephondo kunye namacandelo awo karhulumente.<br><br>ISebe linikezela kulawulo olulungileyo nakunikezelo oluhlangeneyo lwenkonzo nokubonelela ngenkonzo yoLawulo lweeRekhodi kumaqumrhu karhulumente kwiNtshona Koloni.<br><br>Uzinziso nokuxhaswa kwamabhunga emidlalo nemibutho ehlangeneyo, iiMOA, iiMOU, iiSLA, iiTrilateral, ukubonana ubuso ngobuso, unxibelelwano lweIDP, iintlanganiso zarhoqo ngekota.<br><br>Oomasipala bafumene inkxaso-mali evela kwiSebe (uMnikelo woXhomekeko kunye neNkxaso-mali yeMbuyekezo kaMasipala). Le nkxaso-mali incede oomasipala ukuba baxhase ngemali inkcitho yabasebenzi, inkcitho yokusebenza kunye/okanye eyezakhiwo kumathala eencwadi.<br><br>Ukuqinisekisa ngophuhliso lwephepha lamalungelo endawo ethe ngqo kunye nophuhliso novavanyo ngokutsha lwezicwangciso zokuphuculwa konikezelo lwenkonzo. Iphuhlisa rhoqo ngonyaka ingxelo yaBemi ukwandisa ilungelo lokufumana nokuba phandle kweSebe. |

Ngeli thuba iSebe linikela ngokungathanga ngqo kuzo zonke iiNjongo zeQhinga zePhondo, linoxanduva ngqo olulungiselelwe iiprojekti zePSG 2 nezePSG 3. Iiprojekti zePSG yeSebe zezi:

- Inani labafundi beNtshona Koloni kwizikolo ekungahlawulwa mirhumo yesikolo ezifumana ukhuselo, ukulunga kwizithuba emva kokuphuma kwesikolo (PSG 2)
- Ukuthatyathwa kwenxaxheba kwimisebenzi yenkcubeko (PSG 3)

  Iqulunqwa ngala macandelo emiqondiso elandelayo:

  - Inani lotyelelo ngabaphandi koovimba
  - Inani elibhalisiweyo labasebenzisi bethala leencwadi kusetyenziswa amahala eencwadi karhulumente eNtshona Koloni
  - Inani labantu abatyelela iimyuziyam ezimanyeneyo
  - Inani labantu abasebenzisa amaziko enkcubeko eSebe
  - (Abaxhamli) Inani lemibutho yobugcisa nenkcubeko exhaswa ngeentlawulo ezikhutshelweyo kubandakanywa iWCCC

- Ukuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo nolonwabo(PSG 3)

  Iqulunqwa ngala macandelo emiqondiso elandelayo:

  - Inani labathathi-nxaxheba kwimibutho emanyeneyo yemidlalo
  - Inani lolutsha oluzimase iinkampu zarhoqo ngonyaka zolutsha
  - Inani labantu abathabathe inxaxheba kwimisitho eququzelelweyo yolonwabo
  - Inani labathathi-nxaxheba ababhalisiweyo beBetter Together Games

- Ukuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo yezikolo zeprayimari(PSG 3)

  Iqulunqwa ngala macandelo emiqondiso elandelayo:

  - Inani labafundi besikolo saseprayimari ababhalisiweyo ukulungiselela ukuthabatha inxaxheba kwimisebenzi yemidlalo
  - Inani lootitshala namavolontiya aqeqeshiweyo ukunceda ngomiliselo lwenkqubo yemidlalo yezikolo
  - Abathathi-nxaxheba bezikolo ezisebumelwaneni (ezaseprayimari)

- Ukuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo yezikolo zamabanga aphakamileyo(PSG 3)

  Iqulunqwa ngala macandelo emiqondiso elandelayo:


  - Inani labafundi bezikolo zemfundo zamabanga aphezulu nabamabanga aphantsi ababhalisiweyo bemidlalo ukuthabatha inxaxheba kwimisebenzi yemidlalo yezikolo
  - Inani lootitshala namavolontiya aqeqeshiweyo ukunceda ngomiliselo lwenkqubo yemidlalo yezikolo
  - Abathathi-nxaxheba bezikolo ezisebumelwaneni (ezamabanga aphezulu)

Ngaphezulu, abaguquli bezinto ngamangenelo awomeleleyo, ajolisileyo athi ayile iiprojekti ezingundoqo zePhondo ngenxa yekhono lazo lokuba ngoongqa phambili ukulungiselela ukuphuculwa kwempilo yabantu.ISebe lisebe elikhokhelayo elilungiselelwe uMguquli woMsebenzi waseMva kokuphuma kwesikolo yePSG 2. Abanye abachaphazelekayo babandakanya iSebe loPhuhliso lweNtlalo, iSebe leMfundo kunye necandelo elingelilo elikarhulumente.

Umguquli womsebenzi ujolise kulwakhiwo lwabantu abatsha abanoxanduva abaxhotyisiweyo abalungiselelwe ubomi ngcono ngokutyalwa kwemali nokunikezelwa kwenkxaso efunekayo kwiinkonzo zasemva kokuphuma kwesikolo ngokusetyenziswa kothelelwano.

Iyaqikelelwa into yokuba ngolu thelelwano, izibonelelo ziya kufunjwa kwizikolo ekungahlawulwa mirhumo yasikolo ezingama-250 (ngowama-2016/7) ukulungiselela ukunika abafundi ithuba lokuthabatha inxaxheba kwimisebenzi eyahlukeneyo efana nemidlalo, ubugcisa, inkcubeko, inkxaso yezifundo namakhono obomi. Iinkqubo ziya kunikezelwa yiDCAS, DSD, WCED neeNGO. Abafundi ekujoliswe kubo baya kukhuthazwa ukuzimasa malunga nobuncinane bamathuba amabini ngeveki ukulungiselela ukuqonda nokufumana ubugcisa kumakhono amiselweyo abathe bachanatywa kuwo. Njengenxalenye yemisebenzi emininzi iNkqubo iMOD-YearBeyond iya kwandiselwa kwiindawo ezingama-20 yaye noyilo olungephi olubandakanya ufundo lwekhompyutha luya kulingwa kwizikolo ezibini.

**Uphawu lwenkqubo yasemva kokuphuma kwesikolo**




Imiqondiso engundoqo yomsebenzi eya kuthi isetyenziswe ukulinganisa inkqubela phambili nezifezekiso zoMguquli woMsebenzi wasemva kokuphuma kwesikolo yile:

- Inani leendawo ezinobume obuncedayo obulungiselelwe iiNkqubo zaseMva kokuphuma kwesikolo (ngokwakaloku nje ngama-250; kujoliswe kuma-300)
- Inani labafundi kwizikolo ekungakhutshwa mirhumo abanelungelo lokungena kwiiNkqubo zaseMva kokuphuma kwesikolo (ngokwakaloku nje ngama-40 000; ekujoliswe kuko li-79 000 ngowama-2017/18; ekujoliswe kuko li-112 000 ngowama-2019)
- Inguqu kwimiphumela yesikolo yomfundi (iya kulinganiswa ngemilinganiselo yokushiya phakathi esikolweni, uVavanyo loNyaka lweSizwe/Iziphumo zoVavanyo lwesiSistimik, iziphumo zeMatriki)

Le migaqo-nkqubo yephondo ilandelayo namaqhinga ifanelekile ngokunjalo kwisigunyaziso somgaqo-nkqubo weSebe:

| **IMigaqo-nkqubo yePhondo** | |
|---|---|
| Umgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni (PN 369, 27 Novemba 2001) | I-DCASnjengalonaliphinaisebekwiphondo,imelwekukusebenzisa umgaqo-nkqubongokwamacandelo.Ukongeza, iSebe linikwe umsebenzi weenkonzo zenkxaso yokusetyenziswa kolwimikuRhulumente wePhondo leNtshona Koloni ngokusebenza iyunithi yokusetyenziswa eSentrali. |
| UMgaqo-nkqubo woBonelelo ngeMali wezoBugcisaneNkcubeko (2009) | Olu xwebhu lunika isikhokelo ngendlela yokwaba imali eyinkxaso phakathi kwemibutho yenkcubeko |
| Izikhokelo zokuxhaswa kwezeMidlalo noLonwabo ngemali(2012) | Olu xwebhu lunika isikhokelo ngendlela yokwaba imali eyinkxaso phakathi kwemibutho yenkcubeko |
| Umgaqo-nkqubo wokuThiywa nokuThiywa ngokutsha kweeMbonakalo zeNdawo (2015) | Umgaqo-nkqubo uthi thaca iinqobo ezisesikweni emazithathelwe ingqalelo kunye neenkqubo emazilandelwe yiDCAS kunye neKomiti yaMagama eeNdawo yeNtshona Koloni xa iququzelela yaye ithethana nabachaphazelekayo noluntumalunga nokubekwa emgangathweni, kokuthiywa ngokutsha, okanye iinguqu kumagama asele ekho endawo. La maqumrhu anika ingcebiso kwiSouth African Geographical Names Council kunye noMphathiswa weSizwe woBugcisa neNkcubeko. |
| I Province-wide Monitoring and Evaluation System (2009) | Olu xwebhu lusebenza njengento ekhawulelana nenkqubo yorhulumente iGovernment – wide Monitoring and Evaluation System.Injongo kukuphucula ulawulo lwequmrhu nokunika ingxelo yolawulo lwephondo ngokunika inkxaso; ukuze kwenziwe izigqibo zokwenziwa komgaqo-nkqubo okwokufezekisa inguwo nosekelezwe phezu kobungqina; ukuphuculwa komgaqo-nkqubo nokusetyenziswa kwezibonelelo ngendlela efanelekileyo |
| UMgaqo-nkqubo ojongene neeMyuziyamu weNtshona Koloni (2013) | Lo mgaqo-nkqubounika umntu ngamnye noluntu ngokubanzi ukuba makolathe kwaye alondoloze iimyuziyam eNtshona Koloni.Wenza nesiphakamiso sesikhokelo somthetho omtsha wephondo omayela nemyuziyam oya kungena endaweni ye-Ordinance yemyuziyam (Cape Province), 1975. |
| UMgaqo-nkqubo woLawulo lweeRekhodi weNtshona koloni | Lo mgaqo-nkqubo uthe ngqo kwiPhondo yaye uya kunceda iDCAS ukuba imilisele izikhokhelo ezihlaziweyo zolawulo lweerekhodi ukulungiselela ukubandakanya uphuhliso lwetheknoloji kulawulo lweerekhodi. |
| UMgaqo-nkqubo weNtshona Koloni weDijithali | Lo mgaqo-nkqubo unikezela ngezikhokhelo zedijithali nemigangatho kumaqumrhu karhulumente ukulungiselela ukuqinisekisa ngokufana kulawulo lweerekhodi zedijithali. Uya kunceda iDCAS ukubeka iliso kuhambelwano. |

| **Amaqhinga okusebenza ePhondo** | |
|---|---|
| Isikhokelo seMidlalo seZikolo (2013) | Olu xwebhu lweDCASlunika isikhokelo kwabo bathabatha inxaxheba ngokuthobela/nokungqinelana nomgaqo-nkqubo wezeMidlalo nesiCwangciso wemidlalo eyahlukeneyo yezikolo kunye nesiCwangciso sikaZwelonke sezeMidlalo noLonwabo. |
| Iqhinga loPhuhliso loHlobo lobuGcisa (2008) | Olu luza nesikhokelo sophuhliso, ukukhuthaza nokulondoloza ezobugcisa eNtshona Koloni. |
| IsiCwangciso-nkqubo soLwaluko noMnqophiso weNtshona Koloni (2014) | Isicwangciso-nkqubo sinikezela ngesikhokhelo kwindlela yentlalo yolwaluko kwimibutho yengingqi yentlalo, koomasipala nabanye oogunyaziwe. |
| IsiCwangciso-nkqubo seMbali yoMlomo seNtshona Koloni (2015) | Esi sicwangciso-nkqubo sinikezela ngezikhokhelo eziphantsi nemigangatho enesidima ekufuneka zilandelwe xa kuqhutywa uthethwano lwembali yomlomo kubasebenzi beDCAS namaziko amanyeneyo asebenza kummandla wembali yomlomo. |
| Isicwangciso-nkqubo sokumatsha/sokuhamba soNyaka seNdlela nokhuphiswano (2012/13) | Sibonelela ngezikhokhelo kwizinto nepesenti eyabelwe uhambo lonyaka lwendlela nokhuphiswano lweMinstrels, iiKwayala zeKrisimesi neMalay. |
| IQhinga lePhondo kwiMisitho yowama-2011 | ISebe liya kukhuthaza kwakhona imisitho yemidlalo kwiPhondo ngokuhambelana neQhinga lePhondo kwiMisitho ukulungiselela ukwandisa ukhenketho lwemidlalo nokuququzelela izibonelelo zoqoqosho ezilungiselelwe iPhondo. |

**UBUME BOMGAQO-NKQUBO WECANDELO**

Uvavanyo loNgcaciso yoMgaqo-nkqubo yobuGcisa, iNkcubeko neLifa leMveli: Esi sicwangciso-nkqubo somgaqo-nkqubo oyilwayo uxhibe ukubandakanya iqhinga likarhulumente lokubeka ngokutsha indima yeSebe leSizwe loBugcisa neNkcubeko ekuboneleleni ngobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli kwisizwe.

Eli phepha lengcaciso yoMgaqo-nkqubo likhoyo laqulunqwa ngowe-1996 linenjongo ephambili yohlenga-hlengiso nolungelelwaniso lwecandelo lobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli kunye nepolitiki yendawo yaemva kocalu-calulo. Ngokuguquka kwamaxesha kube yimfuneko ukuvavanywa kweli Phepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo. ISebe lesizwe lezoBugcisa kunye neNkcubeko liqhube uthethwano oluthe ngqo kuluntun genjongo zokuqukumbela uxwebhu oluyilwayo.

IsiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo sisasebenza de kube ngunyaka wama-2019.

**UBUME BOOMASIPALA**

Ukulungiselela ukukhuthaza ukucwangcisa nokumilisela koorhulumente, nokuqinisekisa ngonikezelo lwenkonzo oluzinzileyo noluhlangeneyo, iLinge loCwangciso eliHlanganeyo (JPI) eliqulunqwe ngokuphambili ekuvunyelwene ngako nguRhulumente weNtshona Koloni ngokusetyenziswa kwePSP namalinge ecandelo lesebe kunye neziCwangciso zoPhuhliso oluHlanganeyo loomasipala balo (iiIDP). ISebe lithabathe inxaxheba kwi-IDP Indaba Working Group (IIWG), iforam yamasebe yocwangciso oluhlangeneyo elungelelaniswa liSebe looMasipala, apho kuxoxwa ngee-JPI ezingakho.

Iinkcukacha eziphathelelene neeJPI apho i-DCAS ilisebe elikhokhelayo zithiwe thaca apha ngasezantsi:

| UMasipala | Ungenelo lweqhinga | Imiphumela yeprojekti | Amasebe axhasayo | Imiqondiso yeAPP | Inxulunya-niswe nePSP |
|---|---|---|---|---|---|
| UMasipala wase-Saldanha | Ukusekwa kweSikolo seMidlalo | 1. Isicwangciso sethuba elide sommandla waseSaldanha Bay sisekiwe sesikolo esiya kudinga intsebenziswano phakathi kwesebe nomasipala | UMasipala wase-Saldanha | 4.2.5 | PSG 3 |
| UMasipala waseGeorge | Ukuyilwa koMfuziselo weqonga lomiliselo elincedayo: Ukusetyenziswa kwe ICT kuMathala eencwadi | 1. Ilungelo lokufumana i-ICT kuMathala eencwadi | DEDAT, DotP (CE-I) Oomasipala abafanele-kileyo | 3.2.6<br>3.2.7<br>1.3 | PSG 1<br>PSG 2 |
| UMasipala wase Laingsburg | Amaziko axhasa ulolongo lwasemva kokuphuma kwesikolo | 1. Amaziko eMOD<br>2. Amaziko ololongo lwasemva kokuphuma kwesikolo<br>3. Indawo zokwenza umsebenzi waseKhaya | UMasipala wase Laingsburg | 4.5.1 | PSG 2 |
| UMasipala waseBitou | Ukukhuthazwa nokwandiswa komlinganiso wokuthatyathwa kwenxaxheba kwiNkqubo yeMOD yasemva kokuphuma kwesikolo. | 1. IZiphumo zemfundo zokulungisa<br>2. Ukuncitshiswa kobubi bentlalo<br>3. Ukwandiswa kokuthatyathwakwenxaxheba kwimidlalo nolonwabo<br>4. Ukuphuculwa kwenkunzi yentlalo. | UMasipala waseBitou | | |
| UMasipala wase | Ukugcinwa kwemfezeko | 1. Ukwandisa ukusetyenziswa kweNkqubo yeMOD | UMasipala wase | | |

| UMasipala | Ungenelo lweqhinga | Imiphumela yeprojekti | Amasebe axhasayo | Imiqondiso yeAPP | Inxulunya-niswe nePSP |
|---|---|---|---|---|---|
| Mossel Bay | yenkqubo yesikolo: Ukuchongwa kweNkqubo yeMOD | | Mossel Bay | | |

Ngokunxulumene noku kungentla:

- Iziko leMfundo leMidlalo lilindeleke ukuba liqaliswe eSaldanha ngowama-2017.
- Amathala eencwadi kumasipala waseGeorge ayinxalenye yeProjekti yoThungelwano yamaThala eeNcwadi aseMaphandleni, iBroadband neWi-Fi kunye neThala leeNcwadi likaRhulumente laseGeorge liya kuba yinxalenye yeprojekti yeMzansi Libraries Online. Zonke ezi projekti ziqinisekisa ngelungelo lokungena elisimahla kwi-intanethi elilungiselelwe uluntu kumathala eencwadi.
- KuMasipala waseLaingsburg,iDCAS inoxanduva lwamaZiko eMOD, ekukho kuye amabini.
- KuMasipala waseBitou iDCAS inoxanduva lwamaZiko eMOD, ekukho kuye elinye, yaye eli Ziko leMOD liya kuqhuba lisebenzela libhekiselele kwimiphumela ekujoliswe kuyo.
- KuMasipala waseMossel Bay iDCAS inoxanduva lwamaZiko eMOD, ekukho kye amane yaye ngalinye liya kuqhuba lisebenza libhekiselele kufezekiso wokuzinyaswa ngokupheleleyo nokuthatyathwa kwenxaxheba.

Ngaphezulu iSebe ngokunjalo liqhagamshelana noomasipala abahlukeneyo ngokuhambelana nenkxaso enikezelwa liSebe kwiiNkonzo zeMyuziyam, kwiiNkonzo zeThala leeNcwadi, kwiiNkonzo zooVimba kunye neeNkonzo zeMidlalo.

**UBUME BESITHUBA**

Ngokubhekiselele kwisiCwangciso-nkqubo soPhuhliso lwesiThuba sePhondo neKhono loFundo lweeDolophu, imiba yomsebenzi weSebe ikho kuzo zonke iidolophu eNtshona Koloni, umzekelo, ngobume bamathala eencwadi, iimyuziyam, iiofisi zemidlalo, izigqibo zelifa lemveli.ISebe liluseke utyalo-mali lwalo lwesithuba kwimfuno kunye nekhono elinalo loluntu.

Ulwabiwo lwesithuba lwezinye iinkonzo zamaSebe ithiwe thaca kwicandelo 5.1 ngasezantsi. Ngaphezulu, iSebe:

- liseke iMyuziyam entsha yaseKapa (ibhengezwe ngomhla wama-24 kuSeptemba 2015)yaye isebenza neSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente ukuguqula isakhiwo seBhanka iStandard esiseAdderley Street ukulungiselela le njongo.
- linamaziko amathala eencwadi angama-365athe athiwa saa kulo lonke iPhondo, nakumaqumrhu emfundo ezemidlalo eSaldanha, eCape Winelands, eBredasdorp, naseBeaufort West.
- linikezela ngelungelo lokufumana i-intanethi esimahla kuluntu ngokusetyenziswa kweProjekti yoQhagamshelwano lwamaThala eencwadi asemaPhandleni. Iprojekti iyinxalenye yeLingeleBroadband yaye uluntu olunemivuzo ephantsi lwasemaphandleni luyaxhamla kuqhagamshelwano oluphakamileyo lwebroadband (qhagamshela).
- Ukuhlanganisa izibonelelo zelifa lemveli nezenkcubeko (kubandakanywa iimyuziyam, amathala eencwadi, imidlalo),nezicwangciso zezicwangciso-nkqubo zophuhliso lwesithuba(ukusebenzisa njengenkunzi).
- lakha intsebenziswano ngeminyhadala, ngemisitho, nemibutho kwinani loomasipala.

- Iiya kuseka isikolo esijolise kwimidlalo kwisiThili ngasinye sopolitiko.
- Iiya kuseka isikolo semfundo kwisiThili ngasinye sopolitiko.

**UKUPHUCULWA KOKUNIKEZELWA KWEENKONZO**

ISebe linesiCwangciso soPhuculo sokuNikezelwa kweNkonzo (2016-2019) (SDIP) esijolise ekuqinisekiseni ngonikezelo lwenkonzo olusebenzayo nolufanelekileyo ngokwenza iNkonzo kaRhulumente ibe ntsha, ibengcono, ikhawuleze yaye isabele kwiimfuno zoluntu.

ISebe liya kujolisa koku kulandelayo ngokuhambelana neSDIP:

| IiNkonzo ezichongelwe ukuphuculwa | Iiprojekti / izicwangciso zeSebe |
|---|---|
| Ilungelo lokungena kumaZiko eNkcubeko | Ukuchanatywa kwinkqubo ephuculweyo yokubhukisa nendlela ekungandiswa ngayo ukusetyenziswa kwamaziko |
| INkqubo yeMfundo yeeMyuziyam | Ukuqaliswa kokubekwa kweliso novavanyo kwiinkqubo zemfundo zeemyuziyam |

Ukwangezelela, iNkonzo yeThala leeNcwadi iya kuqhuba iphucula yaye isandisa iindawo zenkonzo zethala leencwadi, kubandakanywa ubonelelo lwe-intanethi yebroadband kuluntu.

## 4.4 Izindululo zenkundla ezifanelekileyo

| ITyala eliseNkundleni | Isalathisi | Ifuthe kwiDCAS |
|---|---|---|
| *The Chairpersons' Association v Minister of Arts and Culture* [2007] SCA 44 (RSA) | iNkundla ePhakamileyo yeSibheno, inomb. yetyala 25/200625/2006: | Esi sigwebo sibeka imida emayisetyenziswe ngabasemagunyeni ukuqinisekisa indlela eyiyo yokufakana imilomo noluntu lwasekuhlaleni nabanye abathathi-nxanxheba xa kusenziwa izindululo zemiba emalunga notshintsho lwamagama endawo, njengoko iSebe laseNtshona Koloni neKomiti yokutshintshwa kwaMagama eeNdawo eNtshona Koloni zamiselwa nguMEC zingabathathi-nxaxheba abalulekileyo ekusetyenzisweni komthetho-siseko ohambelana nawo ingakumbi uququzelelonokufakana imilomo nabathatha inxaxheba kwanoluntu.Kufuneka esi sigwebo sisetyenziswe kwinkqubo nemiqathango elandelwayo abayisebenzisayo ekulawuleni iinguqu eziphakanyisiweyo kumagama eendawo. |
| *iQualidental Laboratories v Heritage Western Cape* [2007] SCA 170 (RSA) | INkundla ePhakamileyo yeziBheno.Inombolo yekheyisi. 647/06. | Isigwebo saqinisekisa ukuba amandla anikwe uMEC weLifa leMveli weNtshona Koloni, umisela iimeko ngokwecandelo 48 lomthetho iNational Heritage Reasources Act, 1999, kuphuhliso ukuze uhambelane nezindululo zomthetho-sisekelo ngokwezinikezelo zoMthetho. |
| *iTop Performers (Pty) Ltd v Minister of Cultural Affairs and Recreation* | InkundlaePhakamileyoyeNtshona KoloniInombolo yetyala 5591/05. | Isigwebo sinefutheelibalulekileyokwiinkqubo zesibheno ekuthathweni ngamaqoqoachongwenguMphathiswa ngokwecandelo 49 loMthetho weZixhobo zokuSebenza ngeLifa leMveli, funda kunye noMqathango 12 weP.N. 336 ka-2003.Isigwebo sanikezelwa yiNkundla ukuqinisekisaukuba iDCAS kunye noMphathiswazimisela amanyathelo alungileyo mayelaneenkqubo zolawulo, ulwamkelekolobungqinaobutshakwixwebhu leenkcukachaleqoqokunyenokuhambelana nemithethoyasemthethweningokwe-*audialterim partemmaxim*. |
| *Willows Properties (Pty) Ltd v Minister of Cultural Affairs and Sport* | INkundla ePhakamileyo yeNtshona KoloniInombolo yetyala 13521/08 | Ummangali ufakeisiceloesingxamisekileyo kwiNkundla ePhakamileyoukunyanzelisauMEC ukuba athathe isigqibo,okanyeenze cebolimbi ukukhupha Isigqibo(iinkcukachazesigwebo) ngokwesibhenoesifakwekuMEC ngokwecandelo 49loMthetho weZixhobo zeMveli kuZwelonke, 1999, xa ufundwanomqathango12(7)weP.N.336ka-2003.Ifuthe lesigqibo kwiDCAS inganyanzelisaamalunguesigqeba |

| ITyala eliseNkundleni | Isalathisi | Ifuthe kwiDCAS |
|---|---|---|
| | | senkundlaukubaasebenzengokwamaxesha abekiweyookukhutshwakwaMaxwebhueeNkcukachazeZigqibo.Kusetyenziswe amanyathelookulungisa. |
| *Waenhuiskrans Arniston Ratepayers Association and Another v Verreweide Eiendomsontwikkeling (Edms) Bpk and Others 1926/2008* [2009] ZAWCHC 181. | INkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni, inomb. yetyala. 1926/2008 | INkundla yaqwalasela ukuba ingaba igunya leSouth African Heritage Resources Agency (SAHRA) kunye neHeritage Western Capezinawoamagunya ommandla ngokubhekiselele kwiziza ezichazwe yiSAHRA ngezikwisigaba 1 nendawo ekwakufakwe isicelo ngokwamacandelo 35 no 36 loMthetho weZixhobozeMveli kuZwelonke ka-1999. Inkundla yafumanisa ukuba iSAHRA inegunya elisemthethweni.Iziphumo zesigwebo yaba zezokubakufuneka i-DCAS incedise abeLifa leMveli yeNtshona Koloni ngokunika uncedo lokucacisa umthetho nokuqinisekisa ukuba iHWC isebenza ngokwegunya enalo |
| The Louis Trichardt Chairperson's Association v *the Minister of Arts and Culture and the Geographical Names Council of South Africa* | ICandelo laseGauteng leNkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika<br>2014 | INkundla ikubekelwe bucala ukuguqulwa kwegama iLouis Trichardt liguqulelwa kwiMakhado emve kokuqukunjelwa kwesigqibo ngaphandle kwenkundla phakathi kwamaqela. Oku kunomphumela wendlela eya kuthi iDCAS neKomiti yaMagama eeNdawo yeNtshona Koloni iqinisekise ngento yokuba iinkqubo ezifunekayo zothethwano zichaziwe yaye zibhalwe kumaxwebhu ezibhekiselele kwiinguqu ezindululwayo, ukubekwa emgangathweni okunye ukuqwalaselwa kwakhona kwegama lendawo. |
| *Peter Gees v uMphathiswa wePhondo weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, eNtshona Koloni, uSihlalo, iNkundla yeZibheno eZimeleyo, iLifa leMveli leNtshona Koloni, iSixeko saseKapa, Abahlawuli berhafu eCity Bowl kunye noMbutho waBahlali* | ICandelo leNkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni yoMzantsi Afrika inombolo 6205/2015 | Imiqathango inakho ukubekwa kwiphepha-mvume elilungiselelwe ukudilizwa kwesakhiwo esikhoyo esibudala bungaphezulu kweminyaka engama-60 ngokuhambelana necandelo lama-34(1) loMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli (uMthetho onguNombolo 25 we-1999). |
| IKomiti yeLifa leMveli yasePiketberg Nabanye v Liebco Vleishandelaars Edms Bpk and others (Heritage Western Cape UMmangalelwa wesi-2) | ICandelo leNkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni yoMzantsi Afrika inombolo 1103 2016 | Isicelo sovavanyo ngokutsha kwesigqibo seHWC's Built Environment and Landscape Committee (BELCom). Imvume yanikezela yiBELCom yokudiliza isakhiwo esikwiSiza esinguNombolo 207 ePiketberg. IKomiti yeLifa leMveli yasePiketberg yafaka isimangalo kwiNkundla ephakamileyo sokokuba kuvavanywe ngokutsha isigqibo njengoko izibonelelo zePAJA kungakhange kuhanjelwane nazo. INkundla yaqwalasela umgaqo-nkqubo okhoyo weHWC odinga uthethwano kunye namaqumrhu olondolozo lwendalo abhalisiweyo kuphela ze yagqiba okokuba, njengoko izigqibo ezithatyathiweyo zinganakho ukuchaphazela amalungu oluntu ngokubanzi, uthethwano noluntu ngokubanzi lwaluyimfuneko. |

## 4.5 Amalinge omgaqo-nkqubo acwangcisiweyo

Amalinge omgaqo-nkqubo acwangcisiweyo wama-2016/17ngala:

- IsiCwangciso seMidlalo seNtshona Koloni
- Iingxoxo eziqhubekayo nabachaphazelekayo besizwe nabephondo ngomgaqo-nkqubo oyilwayo olungiselelwe ulawulo nenkxaso-mali yeenkonzo zethala leencwadi eNtshona Koloni.

# 5. Uhlahlelo loBume

UBUME BEZOPOLITIKO

Isithuba sonyulo esitsha somasipala sibeka uxinzelelo kumsebenzi weSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo yaye sandisa imfuneko yokuyilwa kothelelwano kunye namacandelo afanelekileyo oomasipala nabaphathi bawo.

UBUME BEZENDALO

Isimo esisoloko siguquka kunye nohlahlo lwabiwo-mali olulungiselelwe uMnikelo woXhomekeko lunakho ukuvelisa iinzima kwiSebe ekumiliseleni kwalo izigunyaziso zalo.

Umlinganiselo welizwe wokukhula ophantsi nokungazinzi komlinganiselo wotshintshiselwano lwemali yoMzantsi Afrika unakho ukuba nomphumela kukuncipha kwenani labatyeleli kwiinyuziyam ezimanyeneyo.

ISebe lijolise ngamandla kurhwebo lwenkcubeko noyilo njengomnikeli onekhono kukukhula koqoqosho nokuyilwa kwemisebenzi. Oku kubonakaliswa kumathuba emisebenzi athe ayilwa kwisithuba sonyaka-mali wama-2016/17. Ngaphezulu, iSebe lijolise ekuxhaseni nokuqinisa ikhono leziko kwimibutho yobugcisa nabasebenzi.

Ukusabela kwizibonelelo ezinyiniweyo zemali, iSebe liya kujolisa kulungelelwaniso ngokutsha lweqhinga ukulungiselela intsebenzswano eqinisiweyo kunye namaziko ambalwa afanelekileyo entlalo necandelo likarhulumente kunye namalinge axhathise kwizibonelelo ukulungiselela impembelelo enkulu. Umzekelo ulawulo lobugcisa kunye neekholeji zeFET, -izibonelelo zenkcubeko eCPUT.

Izibonelelo zemali ezinyiniweyo ezilungiselelwe icandelo lelifa lemveli loovimba zangezelele umthwalo onzima wolawulo wokufunyanwa kwamathiriyeli yolondolozo kunye nezixhobo. Icandelo langasese libonelela ngemivuzo ephezulu kunenkonzo karhulumente into ebangele imfuduko yabasebenzi abanamava bolawulo lwerekhodi, ishiya iNkonzo yooVimba neeRekhodi inezibonelelo zekhono ezinqongopheleyo. Ubume boqoqosho buyila ngokunjalo ukungaqiniseki bokufumana uMnikelo woXhomekeko olungiselelwe oovimba kunye neenkonzo zerekhodi onokuthi uxhase ngemali izixhobo ezidingeka kakhulu, abasebenzi kunye nezibonelelo. Izibonelelo zemali ezinyiniweyo zingumngcipheko ngokunjalo kumiliselo oluqhubekayo loLawulo lokuQulathiweyo kweZiko.

Ubume boqoqosho obunezithintelo kunokuba nempembelelo kwintumekeleleko/kwikhono lokuchithwa kwemali kwimisitho yemidlalo nolonwabo, kunye nempembelelo kwikhono leSebe lokuthenga impahla nezixhobo. Ukungaqiniseki koMnikelo woXhomekeko weMidlalo kunokwenza kube nzima kwiSebe ukunikezela ngazo zonke iinkonzo.

UBUME BENTLALO

Umdla woluntu kwimbali yelizwe nelifa lemveli ubonise umdla omkhulu kulutsha kwimiba yokutolikwa kwembali nokufaneleka kwayo.Oku kubonisa ikhono elikhulu kwiimyuziyam ezimanyeneyo ukubanga imbonakalo yalo yentlalo kuluntu ngokusetyenziswa kwengxoxo kule miba, ukubonelela ngeenkqubo ezifanelekileyo, nangokusetyenziswa kwendlela ebandakanyao kunikezelo lwenkonzo.ISebe liya kwandisa iinzame zalo zolwazi loovimba ukulungiselela ukuphucula ingqiqo kwixabiso lezibonelelo zelifa lemveli, kubandakanywa igalelo loovimba. Kubekho uvuseleleko kwilinge leMbali yoMlomo yaye ngoko le nkqubo iya kuqhuba ngowama-2017/18.

Ingxelo yeMbonakalo yeNtlalo yoLutsha yowama-2009-2014 yi-Statistics South Africa yokokuba ulutsha lujamelene nomngcipheko omkhulu wokuba sesichengeni kulwaphulo-mthetho. ISebe ngoko liyikhawulezisile ingqiqo yalo kwiinkqubo zophuhliso lolutsha kubugcisa, inkcubeko, ulwimi, kunye nemidlalo, ulonwabo kunye namacandelo asemva kokuphuma esikolweni.

Uluntu lwengingqi lunamacandelo anxulumene nemidlalo kuzo zonke izithili zopolitiko lwendawo kwiPhondo.

Umsebenzi weSebe kukubonelela ngethuba kubo bonke abantu bethu okokuba babandakanywe kumsebenzi wolwakhiwo lwentlalo ngokubhekiselele ekuyileni imiqathango yentlonipho nokunyamezelana kuluntu lwethu.

## UBUME BETHEKNOLOJI

Ukukhula kwetheknoloji kubonelela ngamaqonga amatsha okunxibelelana nabemi, ze kunike ithuba lokuyila okuqulathiweyo okunocamba, okulungiselele okokuba kube lula ukuqhubeka ukuhlaziywa kweenkcazelo zemifanekiso eqingqiweyo kunye nemisitho yembali. Zindlela ezingaxabisi kakhulu zokwabelana ngeembali nokunika ithuba kwiSebe lokwenjenjalo ngaphezulu kolwimi olunye.

Ubume bedijithali lolona shishini lukhula ngokukhawuleza kwihlabathi yaye ibonakala loo nto kukukhula ngokukhawuleza kumacandelo omculo ngokunjalo nobugcisa bokufundwayo.

Iprojekti yokufakwa kwidijithali koovimba iya kuqinisekisa ngelungelo lokufumana iwebhusayiti nokugcinwa kwezinye izinto ezichongelwe oovimba ukuhlangabezana nebango elikhulayo.

IProjekti yoThungelwano lweThala leeNcwadi laseMaphandleni (RLCP), iMzansi Libraries Online nokuQaliswa kweBroadband namalinge eWi-Fi ayaqhuba ukubonelela uluntu ngelungelo lokufumana i-ICT.

## IMIBA YENDALO

Isimo sesimo sezulu kwiPhondo sibonelela ngemisitho yamathuba athile onyaka.

Umngcipheko weentlekele zendalo okanye izehlo zesimo sezulu esibi zinokuba nomphumela womonakalo kuqokelelo loovimba, ngoko ukulungela intlekele nololongo oluqhubekayo kwisakhiwo sooVimba lubalulekile.

## UBUME BOMTHETHO NOBULAWULAYO

Ukukhula kobunkunkqele kulawulo yaye ingakumbi imiqathango yobalo-mali, nobugcisa obuphantsi kwimigangatho yeGRAP kubabali-mali nabasebenzi ingakumbi kwimimandla yasemaphandleni, yenza kube nzima kwiimyuziyam ezimanyeneyo kunye nemibutho yobugcisa nenkcubeko ukufumana iingxelo zophicotho-zincwadi ezingenaziphene.

## UBUME BOKHUSELO NOKHUSELEKO

ISebe liya kuqwalasela iindlela zokuphuculwa kokhuselo nokhuseleko lwabo bonke abantu, amaziko nezibonelelo eziphantsi kolawulo lwalo, ingakumbi ukugcinwa ngokukhuselekileyo kwezibonelelo zelifa lemveli.ISebe libonelele ngenkxaso-mali eyangezelelweyo ukuphucula ukhuseleko kwiimyuziyam kunye namaziko enkcubeko.

## 5.1 Ubume bokusebenza

Ibango elilungiselelwe iinkonzo zeSebe lichazwe apha ngasezantsi ngokuhambelana neenkonzo ezinikezelwe liSebe:

**INkqubo Eyandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente**

Iinkqubo eziguqulweyo zeSebe ukulungiselela ukunikezelwa kwamathuba omsebenzi kulutsha kwiCandelo leNkcubeko leEPWP yandisiwe ukubandakanya ingengawo nje kuphela amathuba kubugcisa, kwinkcubeko, kulwimi, iimyuziyam, neenkonzo zelifa lemveli, kodwa ngokunjalo kwiikonzo zethala leencwadi kwilifa lemveli.

| INKQUBO YEMISEBENZI EYANDISIWEYO KARHULUMENTE KWIMICIMBI | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | **2011/12** | **2012/13** | **2013/14** | **2014/15** | **2015/16** | **2016/17** |
| Inani lamathuba omsebenzi eEPWP ayiliweyo | 152 | 119 | 242 | 365 | 397 | 305 |

**Iinkonzo zobuGcisa, iNkcubeko noLwimi**

ISebe lixhibe ukujolisa kuchongo kwangethuba nophuhliso lweetalente ngentsebenziswano namaziko emfundo ephakamileyo kunye nemibutho yobugcisa. ISebe liyile uthelelwano kunye neSebe leMfundo lePerforming Arts kwiYunivesiti yeNtshona Koloni kulo mba. Ulutsha oluphuma kwimimandla yasemaphandleni ekwiPhondo lufumene ilungelo lokungena kwinkqubno yesiqinisekiso semfundo yomculo kwiyunivesiti. Le nkqubo yeminyaka emibini apho abafundi bathe baphumelela ze omnye wabo wagqwesa. Le ndlela yanceda ekunikeni isizathu esivakalayo sobugcisa njengekhono elibalulekileyo lokukhethwa ngokunjalo nokuchongwa kolutsha elinekhono lobugcisa.

Ukulungiselela ukwandisa ukuthatyathwa kwenxaxheba kubugcisa, iSebe liyile amathuba okubonisa nawomsebenzi kwiminyhadala engundoqo, efana neSuidoosterfees, iJazz on the Rocks, i-International Cape Town Jazz Festival kunye neZabalaza.


Ngokusetyenziswa kwenkqubo yedrama iSebe liphuhlise ubudlelwane bentsebenziswano kunye namashishini okusasazwa korhwebo. Oku kubonelele ngokuchanatywa olulungiselelwe abalinganiswa abasakhasayo ukuba bazibonakalise yaye badlale kunye nabalinganiswa abanobuchule. Ulutsha bafakwa kwidrama efana ne-7delaan (SABC 2) kunye neSuidooster (Kyknet).

Inani labenzi bezicelo elamkelweyo lenkxaso-mali yemisebenzi yobugcisa nenkcubeko njengoko kubonisiwe apha ngasezantsi libonsa ibango leenkonzo zeSebe:

| INKXASO YEMALI KWIMIBUTHO YOBUGCISA NENKCUBEKO | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | **2011/12** | **2012/13** | **2013/14** | **2014/15** | **2015/16** | **2016/17** |
| Inani lezicelo ezamkelweyo (kungathethi into yokokuba ibe zizicelo ezyimpume-lelo) | 265 | 244 | 166 | 202 | 260 | 174* |
| Inani leminikelo yenkxaso enikezelwe yiDCAS | 66 | 57 | 72 | 96 | 51 | 50* |

**Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo*

**Imiqondiso yokusasazwa kwenkxaso-mali yonyaka kwimibutho yobugcisa nenkcubeko**





ISebe liphuhlise iinkqubo zeziko ezikumgangatho ophezulu ukulawula iNkqubo yeRite of Passage njengoko kungekho uyilo lweendlela ezingcono kwilizwe. ISebe leSizwe loRhulumente weNtsebenziswano lineendlela eziqukanisiweyo ezimiliselwe kwiPhondo. ISebe liyakuqhubeka ukusebenzela ekunciphiseni nasekuzinziseni izehlo ezinxulumene neendlela zesizwe. ISebe likwinkqubo yokuphuhlisa isicwangciso-nkqubo ukulungiselela ukubhengeza iindawo zolwaluko njengezingcwele kunye neendawo zelifa lemveli.

ISebe lizamela ukuqinisekisa ngokusetyenziswa iokulinganayo kweelwimi ezintathu ezisesikweni zeNtshona Koloni ngokusetyenziswa kweenkonzo zalo zoguqulelo nokutolika. Liya kuqhuba ngokunjalo ngokunikela ngolawulo lweqhinga lweKomiti yoLwimi yePhondo leNtshona Koloni nokugcina ubudlelwane bentsebenziswano kunye nePan South African Languages Board (PanSALB).

**Iinkonzo zamaZiko oLondolozo lweMbali, amagama eendawo nelifa lemveli**

Angaphezulu kwe-140 amaziko olondolozo lwembali eNtshona Koloni, kubandakanywa namaziko abhengeziweyo enkcubeko axhaswa ngemali liSebe lesizwe loBugcisa neNkcubeko, iinyuziyam ezimanyeneyo ezingama-30 zine iimyuziyam ezilawulwa ngoomasipala okanye iiarhente zabo, amaziko emfundo ephakamileyo, ze ezishiyekileyo zilawulwe licandelo langasese nabantu bangasese. Phakathi kwazo kukho ngokunjalo imimandla apho ilifa lemveli loluntu liboniswayo. Iindawo akuzo amaziko olonodoloz lwembali kwiPhondo lonke zibonisiwe kule mephu ingasezantsi:




ISebe liya kuqhubeka livuselela inguqu kwiimyuziyam ezimanyeneyo ukwandisa umdla wazo kubantu beNtshona Koloni ngokusetyenziswa kwemiboniso neenkqubo zoluntu ezibonisa amava oluntu.

Iminyaka edlulileyo iphawulwe kukuvela kweengxoxo eziphilileyo ezimalunga nenguqu yemiqondiso yesizwe, imifanekiso eqingqiweyo kunye namagama eendawo. Ezi ngxoxo ziqaqambise isidingo sokubandakanywa koluntu kwinkqubo yenguqu yembonakalo yelifa lemveli. Kukusabela kwingxoxo yesizwe iSebe livelise incwadana ekhutshwe ngekhompyutha ethi izame ukukhuthaza amagama asele ekho endawo emvelaphi yeKhoi neSan afana neHessequa, Attaqua, Bitou, Knysna, Koo Valley, Leeu-Gamka. Njengenxalenye yezindululo zeNgxoxo yeSizwe ezaququzelelwa nguMphathiswa wobuGcisa neNkcubeko ngomhla we-17 kuEpreli 2015, iSebe, ngentsebenziswano yeKomiti yaMagama eNdawo, liya kusebenzisana noomasipala ukuqhuba uphicotho-zincwadi lwawo onke amagama athukayo nokukhuthaza uluntu okokuba lufumane amagama anokubekwa endaweni yala aya kuthi akhuthaze ubandakanyeko lwentlalo.

| INANI LAMAGAMA ENDAWO AQWALASELWEYO YIKOMITI YAMAGAMA YEPHONDO LENTSHONA KOLONI EKUFUNEKA EGUQULWE, EHLAZIYIWE OKANYE EBEKWE EMGANGATHWENI LIBHUNGA LAMAGAMA ENDAWO LOMZANTSI AFRIKA | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| | **2011/12** | **2012/13** | **2013/14** | **2014/15** | **2015/16** | **2016/17** |
| Inani lamagama endawo aqinisekisiweyo naphandiweyo | 405 | 315 | 300 | 305 | 340 | 340* |

* *Ekujoliswe kuko okulungiselelwe owama-2016/17*


ISebe lenze imitsi ngolungiselelo olubanzi olufunekayo lwamaxwebhu okunyula amabini alungiselelwe ukungeniswa njengeendawo zeLifa leMveli leHlabathi: Okokuqala kubhekiselele kuphuhliso lweMbonakalo yeNkcubeko yeCape Winelands yaye okwesibini kwiMvelaphi yoluntu lwala Maxesha. ISebe ngothelelwano neLifa leMveli leNtshona Koloni livelisa IziCwangciso zoLawulo loLondolozo lweNdalo esilungiselelwe zombini iiprojekti.Amaqumrhu olondolozo abhalisiweyo angama-52 eLifa leMveli leNtshona Koloni abhengeze umdla kulawulo lwelifa lemveli ze alandela ngononophelo umsebenzi weLifa leMveli leNtshona Koloni. Ngokuthambekela kwisigwebo seNkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni kwityala elibandakanya iKomiti yeLifa leMveli leNgingqi yasePiketberg, iHWCinyanzelekile okokuba ithethane ngokungaphaya kumaqumrhu abhalisiweyo olondolozo lwendalo.

### INkonzo yaMathala eencwadi

Iqhinga leminyaka eli-10 eliyilwayo liyaphuhliswa ukulungiselela ukulungisa ukungeniswa ngamanqanaba kwenkxaso-mali epheleleyo, kulungiselelwa iinkonzo zabo bonke oomasipala, ukuphuhliswa kwezithethe nemigangatho yethala leencwadi, ukusekwa kwekhono likamasipala nokuphuhliswa komthetho wephondo wethala leencwadi, nokuqulunqa intsebenziswano phakathi kweSebe noomasipala benomsebenzi wolawulo lwethala leencwadi.

| IMINIKELO YOXHOMEKEKO EYAMKELWEYO UKWANDISA AMATHALA EENCWADI OLUNTU | |
|---|---|
| **Unyaka** | **Isixa-mali esamkelweyo** |
| **2016/2017** | R 164 162 000 |
| **2015/2016** | R 158 469 000 |
| **2014/2015** | R 126 347 000 |
| **2013/2014** | R 68 542 000 |
| **2012/2013** | R 56 129 000 |
| **2011/2012** | R 48 694 000 |

Iindawo zamathala eeNcwadi kwiPhondo ziboniswe kwimaphu engasezantsi:




Inani lamathala eencwadi ngokwabemi kwiPhondo lithiwe thaca ngasezantsi:

| Ummandla | Inani lamamathala eencwadi | Inani labantuPopulation | ireshiyo |
|---|---|---|---|
| **eNtshona Koloni** | **370** | **6 279 733** | **1: 17 000** |

*Umthombo: StatsSA Community Survey 2016*

ISixeko saseKapa sesona sinenani elikhulu lamathala eencwadi kwiphondo yaye iingxelo zokokuba afumana izigidi ezili-11.8 zotyelelo kumathala eencwadi ngonyaka wama-2016 (iCoCT Gate Reading Count ngenyanga yowama-2016).

### Iinkonzo zoVimba neerekhodi

Inani labantu abatyelela oovimba liye lisanda kule minyaka idlulileyo ngenxa yeenkqubo zolwazi olwandileyo loovimba ezithe zaqaliswa kulo lonke uluntu eNtshona Koloni. Ngowama-2015/16, isambuku seenkqubo zolwazi ezingama-23 zaqaliswa kuluntu olwahlukeneyo nezikolo kwiNtshona Koloniama-10731 abaphandi batyelela oovimba ze kwahlolwa iirekhodi zoovimba ezingama-52 733.

| ABATYELELI KOOVIMBA BEENKCUKACHA EZIBALULEKILEYO | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **Unyaka-mali** | **2012/13** | **2013/14** | **2014/15** | **2015/16** | **2016/17** |
| **Inani labatyeleli (oluqikelelweyo)** | 7 947 | 9 577 | 12 021* | 10 731 | **8 000 |

**Ukwanda okungaqhelekanga kubangelwe yiprojekti yamabango omhlaba athe aqhutywa ngowama-2014/15.*

*** Ekujoliswe kuko ngokwe APP yowama-2016/17.*

iiNkonzo zoLawulo lweRekhodi ziyanikezelwa kumaqumrhu angama-56 orhulumente weNtshona Koloni ukulungiselela ulawulo olululo. ULawulo lokuQulathiweyo lweShishini, iprojekti enqamlezileyo yolawulo lweerekhodi, yaqaliswa kumasebe amane ngowama-2015 yaye nakumasebe amane ngowama-2016.

Ngeli thuba liqhuba imisebenzi yalo engundoqo izicwangciso zeNkonzo yooVimba zokuphucula nokunikezela ngeenkonzo ezilandelayo nemisebenzi yonyaka-mali yowama-2017/18:

- Liqinisa iindlela zolawulo lweerekhodi kumaqumrhu karhulumente ngokusebenzisana nawo ukumilisela iinkqubo zokulahla ezilungelelanisiweyo kunye neenkqubo zohlelo lweerekhodi eziyimfuneko nezibalulekileyo. Ukulungiselela ukuqinisekisa okokuba zixhotyisiwe ukuzalisekisa umsebenzi wazo osemthethweni, izifundo zemfundo zoqeqesho ziya kunikezelwa kumaqumrhu karhulumente aneemfuno ezibonakalisiweyo. Uxinzelelo olukhulu luya kunikezelwa kukuxatyiswa kweerekhodi zovimba ukulungiselela ukwenza kubekho indawo ekhoyo yokugcina iirekhodi ezinexabiso.
- Ukunceda nokwamkelwa kweenkqubo zoLawulo lweeRekhodi ezikwiKhompyutha (ERM) kumaqumrhu karhulumente. Isikhokhelo siya kunikezelwa kumiliselo lweenkqubo ezifanelekileyo ze ERM kunye neemfuno zokufakwa kwidijithali kweerekhodi zikarhulumente ukuqinisekisa ngento yokokuba imigangatho echaziweyo elungileyo kuyahanjelwana nayo kulungiselelwa ukhutshelo lokuquluthiweyo kwikhompyutha kusiya kugcino loovimba. Uqeqesho kuLawulo lweeRekhodi ezikwiKhompyutha lucwangcisiwe ngokunjalo.
- Ukufakwa kwidijithali kweerekhodi zoovimba (okuqulathiweyo) nokwandiswa kwelungelo lokungena kwindawo yedijithali ukuzenza zifumaneke kwi-web portal ulungiselela ukuhlangabezana neemfuno zabasebenziswi kwihlabathi ngokubanzi.
- Ukwandiswa kwe-web portal ukuyila umthombo wolwazi lweengcaciso ngokuthi gqolo kuhlaziywa ingcaciso ukulungiselela amaqumrhu oluntu nakarhulumente.
- Ukuqhubeka kunikezelwa ngeenkonzo kwiziko kwigumbi lokufundela ukuzenza iirekhodi zoovimba zifumaneke, ngeli thuba kwandiswa iinkonzo ezikwikhompyutha ukulungiselela ukufunyanwa kweerekhodi zoovimba kusetyenziswa i-intanethi.
- Ukumiliselwa kwendlela entsha ukulungiselela ukuchaza iirekhodi zoovimba ezithee zalungelelaniswa ngcono ngokweemfuno zabasebenzisi kunye nobume bedijithali. Le ndlela iya kwenza kube lula kubantu ukuhlola okuqokelelweyo okupheleleyo koovimba.
- Ukukhuthazwa kokusetyenziswa koovimba kwiinkqubo zolwazi ukuseka ubandakanyo/ulungelelwaniso lwentlalo oluya kunceda uluntu okokuba lube nekhono lokuyila, lube nengqiqo yoluntu, luqhubeke lusakha uhlobo lwesizwe nokuxhasa idemokhrasi. IVeki yarhoqo ngoNyaka yooVimba beSizwe iya kuba yephambili kwiiprojekti zolwazi.
- Ukufundiswa koluntu, ingakumbi ulutsha, ngokukhuthazwa kwelifa lethu lemveli loovimba, imiqondiso yesizwe, umgaqo-siseko kunye nePhepha lamaLungelo. AmaZiko eMOD aya kusetyenziselwa ukunikezela ngale ngcaciso.
- Ukukhuthazwa koluntu okokuba luphise ngeerekhodi zomntu ngamnye kooVimba, njengoko iirekhodi zibonelela ngobume obunexabiso nobongezelelayo kwiirekhodi ezisesikweni zikarhulumente.
- Ulwamkelo loMthetho weNkonzo olungisiweyo wooVimba bePhondo kunye neeRekhodi weNtrshona Koloni, 2005 (uMthethowesi-3 wama-2005) kunye neMimiselo.
- Ukumiliselwa ngokunjalo nokubekwa kweliso kuhambelwano nemigaqo-nkqubo nezikhokhelo ukkulungiselela ukuphuculwa kweenkonzo kubathengi nokumilisela iindlela ezingcono zolawulo loovimba behlabathi neerekhodi.
- Ukuthatyathwa kwenxaxheba kwisiCwangciso soPhuculo lokuNikezelwa kweNkonzo ngokubhaliswa kwababaphandi kwiinkcukacha zamanani akwikhompyutha ukuququzelela unxibelelwano nabo olwenziwa rhoqo.

- Ukuphuhliswa kwamakhono obuchule nobugcisa abasebenzi, ingakumbi kubume bedijithali.
- Ukusebenzisana ngokusondeleyo kunye neKomiti yeNgcebiso yooVimba.
- Ukuxhaswa kweqhinga le-110% Green ngokuguqula inkunkuma ibe yinto esetyenziswayo kunye neenkqubo zokulondolozwa kwamandla ombane, ngokunjalo namalinge okunciphisa ukusetyenziswa kwephepha ngokusetyenziswa kokufayilishwa kwikhompyutha nakwidijithali.
- Ukuqhutyelwa ngeProjekti yoMiliselo yeECM eNqamlezileyo yeWCG (uLawulo lokuQulathiweyo kweShishini) ethe yaqaliswa ngowama-2013/14. Ukugcinwa kwindawo esembindini, ilungelo lokufumana ingcaciso nokulandelwa kwembalelwano kuya kumiliselwa ukulungiselela ukuzinzisa ukufaneleka, ukuthatyathwa koxanduva nokuba phandle kumaqumrhu karhulumente.

**IiNkonzo zamaThala eeNcwadi**

Le miqathango ilandelayo inxulumene nethala leencwadi ephucula ukulunga icwangcisiwe liSebe:

- Ukuthengwa nokunikezelwa kwemathiriyeli yeThala leencwadi kubandakanywa izibonelelo zekhompyutha ukukhuthaza inkcubeko yokufunda;
- Ukusekwa kweProjekti yoThungelwano lwamaThala eeNcwadi aseMaphandleni kumaziko amathathu awongezelelweyo amathala eencwadi asemaphandleni;
- Ukuphuhliswa komgaqo-nkqubo weThala leeNcwadi zePhondo;
- Ukuxhaswa ngemali ngokupheleleyo uninzi loomasipala abakwicandelo B3;
- Ukubonelela ngenkxaso-mali engaphelelanga kwiSixeko saseKapa kusetyenziswa uMnikelo lweThala leeNcwadi weMetro
- Ukuphuhliswa kwamakhono obuchule nobugcisa babasebenzi ngokusetyenziswa kweenkqubo ezahlukeneyo zoqoqosho;
- UBonele,lo luZinzisa ubonelelo lweenkonzo zethala leencwadi ezilungiselelwe iimfama, abangaboni kakuhle kunye nabasebenzisi bokushicilelweyo abakhubazekileyo;
- Kuqhutyekwe ngeenkqubo zokukhuthaza nolwazi ukwandisa ukusetyenziswa kwethala lencwadi;
- Ukubonelelws ngenkxaso-mali yokuqala elungiselelwe ithala lencwadi elitsha eGroenheuwel (uMasipala waseDrakenstein) kunye nenkxaso-mali eqhubekayo elungiselelwe iDu Noon (iSixeko saseKapa);
- Ukubonelelwa ngenkxaso-mali yokuqukumbela kulungiselelwa iiprojekti zesibonelelo samathala eencwadi amatsha amahlanu eKhayalethu (uMasipala waseKnysna);
- Ukubonelelwa kwenkxaso-mali yokuqalisa uhlaziyo;
- Ukubonelelwa kwenkxaso-mali yokugqibezela uhlaziyo lwamaziko amabvini asele ekho ethala leencwadi eKleinmond (uMasipala wase-Overstrand) kunye neKlein Drakenstein (uMasipala waseDrakenstein);
- Ukukhutshelwa kwenkxaso-mali koomasipala kulungiselelwa abasebenzi bamathala eencwadi kunye nezinye iindleko zokusebenza kusetyenziswa inkxaso-mali yoMnikelo woXhomekeko;
- Kuqhutyekwe ukuqeshwa kwabaxhamli beEPWP.

**Iinkonzo zemidlalo**

ISebe libonelela ngeenkonzo zalo ezinxulumene nemidlalo ngokusebenzisana noluntu, imibutho emanyeneyo yemidlalo namaqumrhu olonwabo.Ukulungiselela ukufuduka kokugula kobume uye kwimpilo yobume, ukusuka kwinqanaba lokugula ukuya kukuphila, kukulimala uye kukungalimali,

indlela epheleleyo kufuneka isetyenziswe eya kuthi ihlanganise uphuhliso lomoya, lomzimba nolomphefumlo nempilo-ntle yabantu neengingqi zabo.

Ngowama-2017/18 iSebe liya kuxhasa amaziko emfundo kwiPhondo.

IMibutho eManyeneyo ngothelelwano neSebe iya kunceda ekuqinisekiseni ngento yokuba inkxaso-mali eyamkelweyo elungiselelwe imidlalo iya kusetyenziswa ngokupheleleyo ukulungiselela uncedo lwemidlalo kwiPhondo. Intsebenziswano esondeleyo noomasipala, imibutho emanyeneyo nemibutho yoluntu iya kwandisa ngokunjalo unikezelo lweenkonzo zemidlalo nolonwabo kwiPhondo.


Kwisithuba sonyaka-mali wama-2016/17, iCandeloi lokuKhuthaza iMidlalo lisebenze nemibutho emanyeneyo yemidlalo eli-120eNtshona Koloni, ngokunjalo namabhunga emidlalo amathandathu esithili angala, iMetro, iWest Coast, Overberg, iCape Winelands, Central Karoo ne-Eden.

Inkxaso iyanikezelwa kuyo yonke imibutho emanyeneyo eyamkelweyo nefanelekileyo ngokukhutshelwa kwenkxaso-mali ekhutshelweyo ethi ibonelele wonke umntu kubandakanywa uMbutho oManyeneyo yeMidlalo yePhondo leNtshona Koloni.

Imisitho engundoqo yenye yemiba ebalulekileyo kwiNkuthaza yeMidlalo njengoko isangezelela ixabiso ekuyileni uphawu olubanzi nokuxhasa ukhenketho lwemidlalo nokufikelela kwiPhondo njengoko lusebenza nemibutho emanyeneyo yemidlalo kwiPhondo liphela.

Inkqubo yoPhuhliso lweKlabhu (CDP) iya kunikezela ngenkonzo kwiiklabhu ezingama-230 (kubandakanywa iiklabhu zasemaphandleni nezasezifama) ngowama-2017/18 ngokusetyenziswa kothutho, ikhono, inkxaso kwiiligi nokubonelelwa ngezixhobo nempahla yokudlala. I CDP ibandakanya iNkqubo yoPhuhliso lweMidlalo eMaphandleni kunye neNkqubo eChasene namaQela emiGulukudu, apho sibonelela ngemisebenzi yemidlalo kuluntu olwahlukeneyo kwiPhondo.

<u>IiKlabhu ezixhaswe liSebe kwiPhondo:</u>




Ukuhla ukususela kowama-2014/15 ukuya kowama-2015/16 okufunyenweyo hgenxa yokuhla kwenkxaso-mali yoMnikelo woXhomekeko weSizwe njengoko inkxaso-mali yayifuneka kwiiprojekti ezilingwayo zeNkqubo yoPhuhliso lweKlabhu eKZN naseLimpopo. Ipesenti yomnikelo weNkqubo yoPhuhliso lweKlabhu yanikezelwa kuloo maphondo. Ukuhla ukuya kwiiklabhu ezingama-230

kunyaka 2017/18 kulindelekile ngenxa yeeprojekti ezilingwayo eziqhubekayo eKZN naseLimpopo yaye uxinzelelo olutsha lube luphuhliso lweklabhu emaphandleni (kunye nasefama).

Inkqubo yamaqziko emfundo iyazimilisela ngokwayo njengomba ekujoliswe kuwo wokusekwa kwamaziko emfundo eCentral Karoo nakwisithili saseOverberg. Inkqubo yamaziko emfundo ibonelela ngeenkonzo kwiimbaleki ngokubonelelwa ngokuchongwa kwetalente, iinkonzo zesondlo, uqeqesho olulodwa nenkxaso esecaleni.

**Ezolonwabo**

Ulonwabo linqwanqwa apho imidlalo ingaphuhla khona yaye ikhule, njengoko ulonwabo lukhuthaza ifilosofi nemithetho yentlalo yendlela yokuphila esempilweni, inkuthalo yobomi bonke kunye nokufunda ubomi bonke. Ulonwabo lunikezela ngemisebenzi elungiselelwe yonke iminyaka yobudala kunye mhlawumbi yaye lunakho ukuvuselela ikhono elithe lakho ngaphakathi kubantu. Imizekelo yale misebenzi ibandakanya:

- Imidlalo eyethisiweyo
- Ezemidlalo yemveli
- Imisebenzi yeZiko loLonwabo neMinyhadala
- IiNkampu zoLutsha
- ISenior Citizens/Golden Games
- Big Walks

Ngaphezulu, ulonwabo lubonelela abantu ngengqiqo enkulu ngohlobo lwamathuba obomi akhoyo apho bangathi banxulumane nawo. Ngokuququzelela imisitho yolonwabo kwiPhondo, iSebe lixhibe ukuququzelela uthungelwano phakathi:

- Kwabantu kunye neziqu zabo (abanfu bafunde ukuzazi)
- Uluntu nolutsha nolutsha noluntu
- Iintsapho(Ulutsha nabantu abadala nangokuphendulelekileyo)
- Abantu kumsebenzi (Ingqesho yabaqeqeshi)
- Uluntu(Uluntu lukhuphisana nolunye)
- Abantu besuka ekuguleni besiya empilweni.

**Iinkonzo zempilo yomqeshwa**

ISebe liya kwandisa inani lemisebenzi ekhuthazwe kwiWCG Gym esandula ukusekwa ukulungiselela ukukhuthaza indlela yobomi esempilweni nokuphila kakuhle kubaqeshwa abakuRhulumente weNtshona Koloni. Ngokwakaloku nje ngabaqeshwa abangama-234 ababhaliswa njengamalungu eWCG Gym njengoko kunjalo ekupheleni kukaJanyuwari2017.

**IiNkonzo zeMidlalo yeZikolo**

IMidlalo yeZikolo iyila inqanaba elilandelayo lamathuba kulutsha olusesezikolweni, kulonwabo nemidlalo, ngokunjalo nakubugcisa nenkcubeko. Ezi zikhuthazwa ngeendlela ezininzi, ezithi zibandakanye oku kulandelayo:

- Inkxaso kwizikolo ezinomdla ezisebumelwaneni kumaZiko afanelekileyo eMOD. Le ndlela incede ngophuhliso lubumelwane, njengoko inxulumanisa amaZiko eMOD, kulonwabo olufanelekileyo, imidlalo, nobugcisa kunye nemisebenzi yenkcubeko namacandelo athi abekho kubumelwane obuthe ngqo yaye ukuba ezi zikho, ngoko iMidlalo yeZikolo iqhuba inkqubo eya kuvelisa kwimisebenzi efanelekileyo kunye/okanye amacandelo umz. iklabhu yemidlalo kunye/okanye iklabhu yomdaniso. Ngaphezulu iMidlalo yeZikolo iqukanisa kunye malunga nenani lobumelwane ngesithili ngasinye seMidlalo yeSikolo, ukulungiselela ukuthatyathwa kwendlela ejolisileyo, ethi ibonakalise ukusebenza kakhulu. Njengomphumela woku kuchazwe ngasentla, iMidlalo yeZikolo iyithiye le nkqubo ngokuthi yiNkqubo yeZikolo yoBumelwane;
- Ukukhuthazwa kokuthatyathwa kwenxaxheba kukhuphiswano lwezikolo, apho kungekho kuthatyathwa kwenxaxheba ngokusesikweni;
- IKhowudi kunye nophuhliso oluthe ngqo lohlobo, klubandakanywa ukuphuhliswa komqeqeshi;
- Ukuyilwa nokukhuthazwa kwamathuba okuchongwa kwetalente aya kuthi akhokhelele kuthatyatho lwenxaxheba kumathuba akwinqanaba elilandelayo;
- Ukujolisa kuphuhliso lwamaqela abadlali abasekwe kwisithili kulutsha oluchongiweyo, olunetalente olusesezikolweni;
- Ukuxhaswa komelo, amaqela akhethiweyo asekwe kwisithili ukulungiselela ukuthabatha inxaxheba kwiitumente zephondo;
- Ukuncedwa ngokusekwa, ukukhuthazwa nokuxhaswa kwamacandelo asekwe kwisithili;
- Ukuxhaswa kwabameli bamaqela akhethwe esekwe kwiphondo ukuba athabathe inxaxheba kwiitumente ezikwisizwe;
- Ukuncedwa ngokusekwa, ngokukhuthazwa nokuxhaswa kwamacandelo asekwe kwisithili;
- Okonganyelwa kweNkqubo yeBhasari yeSRSA Ministerial kwinqanaba lephondo leNtshona Koloni, ngokunjalo nokunika inkxaso kwabafumene ibhasari;
- Ukukhuthazwa kolungelelwaniso namacandelo awahlukeneyo, umz. imibutho emanyeneyo yemidlalo;
- Ukulungelelaniswa kokuchongwa kwetalente nophuhliso lwetalente; kunye
- Nokuphuhliswa nokubonelela ngendlela yophuhliso olungaphezulu lolutsha olunetalente olusesesikolweni.

Ngaphezulu, iMidlalo yeZikolo isebenza kwiziThili zeNqila ezi-4 zeWCED, ezizezi, iMetro Central, iMetro East, iMetro North neMetro South; ngokunjalo neziThili ezihlanu zaseMaphandleni, ezizezi, iEden, iCape Winelands, iCentral Karoo, iOverberg neWest Coast. Ekujoliswe kuko okungundoqo kwiMidlalo yeZikolo, kukukhuthazwa kokhuphiswano olwahlukeneyo kunye nemisebenzi yenqanaba elilandelayo labantwana abasesesikolweni, umzekelo, ukuthatyathwa kwenxaxheba ngumfundi kwiinkqubo yamaqela emidlalo, kukhuphiswano olusekwe kwisithili nakwiphondo, ngokunjalo nokuchongwa kwetalente namathuba okuphuhliswa kwetalente, ngokusetyenziswa umzekelo, kwendlela yokugxila kwikhowudi nezikolo ezijolise kwikhono elithile. IMidlalo yeZikolo ijolise ikakhulu ekukhuthazeni nasekuququzeleleni imisebenzi yenqanaba elilandelayo kulonwabo nemidlalo, ngokunjalo nakubugcisa nenkcubeko yesithili, yephondo nenqanaba lesizwe. Ngaphezulu, iNkqubo yeZikolo yoBumelwane imiliselwa okokuba ixhase ngaphezulu imisebenzi yenqanaba elilandelayo kwiphondo lonke, iyile injdlela elungiselelwe ulutsha olusesesikolweni kunye/okanye akumanqanaba aphezulu yaye iZikolo zoBumelwane kunye namalinge eNtlanganisela aqaliswa yaye ayaxhaswa ukulungiselela ukuqinisa, ingqikelelo yenqanaba elilandelayo yaye ngoko yangezelele kumnikelo wePhondo leNtshona Kolomi obhekiselele

ekufezekisweni kokufaneleka kwelizwe lethu nomphumela odingekayo, wokuba “siSizwe esiGqwesileyo”.

**Ukuthatyathwa kwenxaxheba yenkitha; iThuba nelungelo lokufumana; uPhuhliso nokukhula (MOD)**

INkqubo yeMOD yinkqubo yasemva kokuphuma kwesikolo, ekuthatyathwa inxaxheba yinkitha ethi inikezele abantwana abasesesikolweni ngethuba lokufumana imisebenzi ezaliswe lulonwabo, esekwe ekudlaleni, esekwe kulonwaboimisebenzi elungelelanisiweyo kulonwabo nemidlalo ngokunjalo nobugcisa nenkcubeko, yonke imihla. Inikezela ngokunjalo kunye/okanye iya kunikezela ulutsha olusesezikolweni ngoku kulandelayo:


- Inkxaso yezifundo;
- Imisebenzi esekwe kuluntu, umz. Oovulindlela;
- Imisebenzi ejolise kwikhowudi kwimidlalo; yaye
- Nemisebenzi ethe ngqo kuhlobo lobugcisa.

Le nkqubo isingathwa kwiPhondo liphela, kumaZiko eMOD asekwe mhlawumbi kwiSikolo sasePrayimari okanye kwiSikolo samaBanga aPhezulu. Ngokubanzi, amaZiko eMOD asebumelwaneni baso esisekwe kwiSikolo samaBanga aPhezulu. Ngale ndlela, umfundi unikezelwe ngethuba lokufumana ilungelo eliqhubekayo nokuchanatywa kumathuba anikezelwa ngokusetyenziswa kweNkqubo yeMOD, kangangesithuba ubuncinane beminyaka eli-12.

AmaZiko eMOD asekwe ikakhulu kwimimandla yembali, yeyababevinjwe amathuba ngaphambili ahlalwayo, anezibonelelo ezingalunganga, izibonelelo nokhuseleko, okanye intsilelo ngoko, ekhoyo. Nangona kukho obu bubi neemeko, ngenxa yemiba elungileyo kubantu efana nokunyamezela, ubutsha-ntliziyo nokuzibophelela, inani labathathi-nxaxheba libonise amakhono neetalente, ngokunjalo nekhono nophuhliso olungaphezulu. Ngokuchongwa kweetalente ezahlukeneyo neenkqubo zophuhliso lwetalente, abathathi-nxaxheba abathe babonakalisa eli khono lixeliweyo ukulungiselela uphuhliso olungaphezulu banethuba lokuqhubela phambili amakhono abo neetalente ziye kwelinye inqanaba.

Ngoko kunokutshiwo okokuba ukuthatyathwa kwenxaxheba kwiNkqubo yeMOD inikezela ulutsha olusesesikolweni ngethuba lokuba yinxalenye yeqla letalente, ingakumbi ngokubhekiselele kubugcisa nemidlalo, njengoko iyila inqwanqwa elilungiselelwe olu lutsha kuthethwa ngalo ithuba lokuthabatha inxaxheba kwinqanaba elilindelelweyo namathuba, ngezi ntlobo zamathuba ezithi zinikezelwe kusetyenziswa iMidlalo yeZikolo, ngamalinge ayo awahlukeneyo, iiprojekti neenkqubo.

Amaziko eMOD akho kwiPhondo liphela abonisiwe kwimaphu engasezantsi:




## 5.2 Ubume beSebe

***Ubume besebe***

ISebe lime ngolu hlobo lulandelayo:

***Izithuba ezingazaliswanga ezibalulekileyo***

Isithuba soMlawuli oyiNtloko weMicimbi yeNkcubeko sipapashiwe emva kokuthathwa komhlala-phantsi ngowayebambe esi sikhundla. Inkqubo ephathelelene nokuzaliswa kwesi sithuba yaqukunjelwa ngoJanyuwari 2017, umgqatswa ophumeleleyo uya kuqalisa ukusebenza ngomhla woku-1 kuMatshi 2017.

UMlawuli oNcedisayo: UPhando, uMgaqo-nkqubo noCwangciso kwiCandelo leLifa leMveli asibanga namntu ukususela kuJulayi 2016. Esi sikhundla sibalulekile njengoko sidlala indima ebalulekileyo kulungelelwaniso, kuvavanyo ngokutsha, kuququzelelo nophuhliso lomiliselo lwemigaqo-nkqubo yolondolozo lwelifa lemveli nezikhokhelo ngokuhambelana noMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli (uMthetho 25 we-1999) sithi ngokunjalo siququzelela ukhuselo olusesikweni lwezibonelelo zelifa lemveli. Inkqubo yokufuna nokukhethwa iyaqhubeka ngokwakaloku nje yaye inkqubo yodliwano-ndlebe iqhutywa ngomhla wama-26 kuJanyuwari 2017.

| **INGQESHO NEZITHUBA EZINGAZALISWANGA NGOKWENQANABA LOMVUZO, ukusuka kowama-31 kuMatshi 2016** | | | |
|---|---|---|---|
| **Inqanaba lomvuzo** | **Inani lezithuba ezixhaswe ngemali** | **Inani lezithuba ezizalisi-weyo** | **Umlinganiselo wezithuba ezingazaliswanga (%)** |
| Abanamakhono aphantsi (Amanqanaba1-2) | 118 | 116 | 1.7% |
| Abanamakhono (Amanqanaba 3-5) | 195 | 194 | 0.5% |
| Abanamakhono aphezulu emveliso (Amanqanaban6-8) | 197 | 192 | 2.5% |
| Abanamakhono aphezulu olawulo (Amanqanaba 9-12) | 89 | 78 | 12.4% |
| Abalawuli abaphezulu (Amanqanaba 13-16) | 13 | 12 | 7.7% |
| **EWONKE** | **612** | **592** | **3.3%** |

| **INGQESHO NEZITHUBA EZINGAZALISWANGA NGOKWENKQUBO, ukusuka kowama-31 kuMatshi 2016** | | | |
|---|---|---|---|
| **INkqubo** | **Inani lezithuba ezixhaswe ngemali** | **Inani lezithuba ezizalisi-weyo** | **Umlinganiselo wezithuba ezingazaliswanga (%)** |
| INkqubo 1 | 107 | 105 | 1.9% |
| INkqubo 2 | 202 | 198 | 2.0% |
| INkqubo3 | 224 | 220 | 1.8% |
| INkqubo 4 | 79 | 69 | 12.7% |
| **TOTAL** | **612** | **592** | **3.3%** |

***ISicwangciso se-HR 2017/18***

Okuphambili okulandelayo kwachongwa kwisiCwangciso seMicimbi yaBasebenzi (2013-2018):

- Ukufunywa nokuKhethwa
- Uqeqesho noPhuhliso
- IsiCwangciso soLungiselelo lwesikhundla noPhuhliso lweKhono

- UBulungisa eNgqeshweni/uLawulo lweYantlukwano
- Ukugcinwa

Eminye imisebenazi engundoqo ithiwe thaca kwisicwangciso ezihambela nokuphambili okuchongiweyo injengale ilandelayo:

- Ukuncitshiswa komlinganiso wezithuba ezingazaliswanga nge-10% kokujoliswe kuko yiDPSA.
- Ukuncitshiswa kwexesha lokuzaliswa kwesithuba kwiinyanga ezi-6 ngokokujoliswe kuko kweDPSA.
- Ukumiliselwa nokuphuculwa kwenkqubo ye-e-Recruitment ukufumana italente.
- Ukuncitshiswa kwenani labasebenzi bethutyana ukuya kutsho ngaphantsi kwe-5% yabasebenzi.
- Ukuphuhliswa nokunikezelwa kwenkqubo yoqeqesho yololongo nokuqheliswa nokuqinisekiswa kokokuqeshwa kwabalolongi abafanelekileyo.
- Ummandla ophambili wokufunda kufuneka ubandakanywe kwindlela yolwabiwo lwebhasari.
- Ukuqhutywa kwenkqubo yokubekwa esikhundleni enqamlezileyo eyi-ON-Boarding elungiselelwe bonke abaqeshwa abatsha.
- Ukufezekisa ekujoliswe kuko kwesizwe okuhlangeneyo kweepesenti ezintlanu kwisambuku sabasebenzi kulungiselelwa abaqeqeshwa besengqeshweni nabafundi abaqeqeshwayo.
- UMhlalaphantsi nesiCwangciso soLungiselelo lwesikhundla ukuqinisekisa ngamakhono nokukhutshelwa kolwazi kwabaza kubamba izikhundla abalandelayo kujoliswe ngokukodwa kwizithuba ezibalulekileyo nezingundoqo.
- Ukuhambelana neenjongo ezibekiweyo nekujoliswe kuko kweEE, ngokwesiCwangciso soBulungisa eNgqeshweni.
- Ukwandiswa kokufunwa nokugcinwa kwePWD ekhoyo ngokumiliselwa kwesiCwangciso-nkqubo seQhinga sokuFumana uMsebenzi seDPSA nokusetyenziswa kweenkcukacha zamanani akwikhompyutha anqamlezileyo ePWD.
- Ukuphuhliswa kweQhinga/kwesiCwangciso-nkqubo sokuGcinwa kweTalente.
- Ukuphandwa kwenkqubo yoDliwano-ndlebe lokuShiya ngenjongo yokuchonga amalinge angakho okugcina. Ukwandiswa kophando kuzo zonke iindidi zokushiywa komsebenzi.

Izithuba ezingazaliswanga ngokomsebenzi obalulekileyo zinjengoku kulandelayo:

| INGQESHO NEZITHUBA NGOKWEZITHUBA EZINGAZALISWANGA EZIBALULEKILEYO, ukusuka kowama-31 kuMatshi 2016 | | | |
|---|---|---|---|
| **Programme** | **No. of posts funded** | **No. of posts filled** | **Vacancy Rate (%)** |
| UMgcini woVimba | 15 | 15 | 0 |
| IGosa leNkcubeko | 6 | 6 | 0 |
| IGosa leLifa leMveli | 6 | 6 | 0 |
| USothala leencwadi | 28 | 28 | 0 |
| USonzululwazi weMyuziyam yaBantu | 7 | 7 | 0 |
| IGosa leNkuthazo yeMidlalo | 21 | 20 | 4.8 |
| **ZIZONKE** | **84** | **82** | **2.4** |

***IiNkqubo ne IT***

INkonzo yoLawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli neLifa leMveli leNtshona Koloni liya kuqaliswa ngophuhliso lwenkqubo yolawulo lwengcaciso yelifa lemveli eya kuthi incede ngolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli ingakumbi ukuqwalaselwa kwezicelo. Le projekti ikwinqanaba

eliphambili kakhulu yaye ukuqaliswa kwayo sele kuqikelelwa ukulungiselela ikuhlolwa kokusebenza kwayo.

CASMIS (Cultural Affairs and Sport Management Information System) yitheknoloji ngokunjalo eya kunceda iNkqubo yeMOD ngeenkcukacha zamanani anxulumene nabantwana abathabatha inxaxheba kwinkqubo yasemva kokuphuma kwesikolo.

***Indawo yokuhlala***

ISebe ngokwakaloku nje lizinze kwizakhiwo zengqesho ezithoba nezi-17 ezizezikarhulumente eNtshona Koloni.

Ulolongo lwesakhiwo sooVimba lubalulekile ukuqinisekisa ngokugcinwa kweerekhodi. Imiqathango yokhuselo nokhuseleko eya kuthi ikhusele imathiriyeli yoovimba ekwisakhiwo kufuneka yanele ukuqinisekisa ngokhuseleko kumlilo, impuphuma, okanye ukuzaliswa zizitshabalalisi.

Njengoko ixoxiwe kwisiCwangciso seSebe seAsethi eShukumayo yoMsebenzisi sowama-2017/18, iSebe lijolise:

- Kulwakhiwo lweziko lolondolozo lonyango novuselelo ukulungiselela ukugcinwa kokuqokelelweyo nokugcinwa kwemifanekiso eqingqiweyo enexabiso yemyuziyam, imizekelo nemathiriyeli yenzululwazi yezinto zakudala ukuququzelela uphuhliso, ugcino nokukhuthazwa kwelifa lemveli leNtshona Koloningokusetyenziswa koyilo lwamacandelo asebenzayoyaye avuselelayo obugcisa nenkcubeko, imisebenzi nokusingqongileyo, nokuxhasa nokunceda iKomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni ekumiliseleni isigunyaziso sayo esisemthethweni.
- Ukwakha, ukuqeshisa nokubonelela ngesithuba esifanelekileyo njengendlela eyenye yesakhiwo seStandard Bank ukulungiselela iiNkonzo zeMyuziyam neLifa leMveli nokuhlalisa iMyuziyam yaseKapa.
- Ukukhuthaza nokugcina ilifa lemveli ngokusetyenziswa kweenkonzo zemyuziyam nemibutho; ukubonelela ngolondolozo, ukhuthazo nophuhliso lwenkcubeko nelifa lemveli; nokunceda ngaphezulu iimyuziyam ezimanyeneyo ngokumiliselwa koMthetho weeMyuziyam, we-1975.
- Ukufumana isithuba esangezelelweyo kwiOfisi eyiNtloko ukulungiselela ukwandiswa kweNkqubo yeMOD, uLawulo lwaNgaphakathi, uLawulo lweMali noLawulo lweQhinga neeYunithi zeNkxaso yokuSebenza.
- Ukubonelela ngesithuba esangezelelweyo ngokwandiswa kwesakhiwo esele sikho sooVimba ukulungiselela ukugcinwa kwelifa lemveli loovimba beNtshona Koloni.
- Iimfuno zendawo zeSebe kukuqinisekisa ngoququzelelo olufanelekileyo lobudlelwane obahlukeneyo nolawulo olusebenzayo lwemibutho emanyeneyo yemidlalo nenkcubeko kunye nezizinda zoluntu. Imbonakalo ephezulu yeSebe kubume bephondo ithetha ukuba indawo kufuneka ibe nokufikeleleka yaye ibe yesebenzayo.
- Ukufunyanwa kwendawo kwiNtshona Koloni kulungiselelwa iZindlu ezintandathu zeMidlalo ukunceda imibutho emanyeneyo eyahlukeneyo ukuba ihlangabezane nezigunyaziso zayo ezahlukeneyo kwezi dolophu zilandelayo, iBeaufort West, iOudtshoorn, iCaledon, iPaarl, iKapa neVredenburg.

### 5.3 Inkcazelo yenkqubo yocwangciso yeqhinga

IsiThuba soCwangciso seQhinga sonyaka seSebe sabanjwa ngomhla we-11 nomhla we-14ukuya kumhla we-15 Julayi 2016yaye yazinyaswa liqela lolawulo leSebe. Ngosuku lokuqala, uMphathiswa wePhondo weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo uthe thaca umbono wakhe nokuphambili kweSebe.

Ubume boqoqosho nokuphambili kuhlahlo lwabiwo-mali oluchaphazela isicwangciso seSebe kunyaka wama-2017/18buthiwa thaca licandelo loLawulo lweMali lweSebe. Okubalulekileyo ekufuneka kuqwalaselwe nesithuba esibekelwe oko ukulungiselela isiCwangciso soNyaka sokuSebenza sowama-2017/18kunye neengxelo zarhoqo ngekota zendlela yokusebenza zathiwa thaca licandelo loCwangciso lweSebe.

Iinguqu kwisimo esikhoyo sobume bangaphakathi beSebe zaxoxwa ngokunjalo. Oku kubandakanya unxibelelwano lweSebe; isiXhobo soVavanyo loMsebenzi soLawulo; ubeko lweliso novavanyo lomsebenzi; iiprojekti ezinqamlezileyo ezifana nokuqwalaselwa kwesini, inkqubo yoCwangciso oluHlangeneyo loPhuhliso namaLinge aHlangeneyo oCwangciso; iMicimbi yaBasebenzi, ulawulo lwebango lweICT, nolawulo ngokubanzi lwangaphakathi lwesebe.

Ngosuku lwesibini nangolwesithathu, iNtloko yeSebe inikezele umkhombandlela wayo weqhinga. IsiCwangciso seQhinga sombono, umnqophiso neenjongo sowama-2015 - 2019 sahlaziywa ngokunjalo nomiliselo nesiCwangciso seQhinga sowama-2015 – 2019. Amandla eSebe, ubuthathaka, amathuba nezigrogriso zaxoxwa ngeli thuba. Unikeze,lo lwenkqubo olulandelwa ziingxoxo zeqela, lwenziwa ngokunjalo kwindlela yokuSebenza yeNkqubo nembonakalo yeNkqubo elungiselelwe owama-2017/18. Uthethwano lwangaphakathi kwiiNkqubo lwenziwe kuqala phambi kozinziso lweengcebiso lwezi Nkqubo kwisiThuba soCwangciso lweQhinga leSebe.

Ngaphezulu, iSebe lihlangene nabaxhamli balo rhoqo ngonyaka. Iintlanganiso zivumela imibutho emanyeneyo yemidlalo ukuba inxulumane ngqo neSebe nokunika ingxelo yenkxaso-mali ethe yamkelwa yimibutho emanyeneyo. Le nkqubo entlangothi-ntathu ikhuthaza imithetho-siseko yeBatho Pele.

Uhlaziyo lweqhinga lophuhliso lobugcisa nenkqubo yokhuthazo, iqaqambise into yokokuba imimandla yempumelelo isekelwe phezu kobudlelwane obuqinisiweyo noomasipala kunye nee-arhente zomiliselo. Lichonge into yokuba ubume obukhoyo obungqongqo, ubudlelwane obusesikweni kkunye noomasipala abachongiweyo buya kubonelela kukuqiniswa kophuhliso lobugcisa kwinqanaba lengingqi. Liya kusebenzisa iqonga lephondo le-IDP ukuphembelela ubudlelwane obusesikweni nokwandisa uphuhliso lobugcisa bengingqi.

ISebe lixhibe ngokunjalo ngentsebenziswano esondeleyo yamasebe oorhulumente naphakathi kwesebe nelinye ukuqinisa umiliselo lweprojekti nokuyilwa kwamathuba emisebenzi angaphezulu.

ISebe libe nonxibelelwano rhoqo neeNGO zobugcisa nenkcubeko noluntu ukuqinisekisa ngento yokokuba iinkqubo zifanelekile yaye amalinge ayahambelana nesikhokhelo seqhingqa leSebe.

Amathala eencwadi anxibelelana noomasipala rhoqo ngekota.

## 6. Iziphumo ezisekelwe kwiinjongo zeqhinga lokusebenza leSebe

Injongo zeSebe ezijolise kumphumela weqhinga:

| | |
|---|---|
| **INjongo yeQhinga 1** | Ukunikezelwa kwenkonzo yolawulo esebenzayo nesulungekileyo enoqoqosho. |
| **Ingxelo yeNjongo** | Ukuyila isimo esincedayo ukulungiselela unikezelo lwenkonzo kwangethuba ngokufanelekileyo, ngokusebenzayo, ngoqoqosho nequmrhu elilinganayo nenkonzo yenkxaso yolawulo |

| | |
|---|---|
| | kwabachaphazelekayo bangaphakathi nabangaphandle ukuqinisekisa ngolawulo lwequmrhu olulungileyo, olucocekileyo noluqhutywa lixabiso. |
| **Inkcazo** | Oku kujolise ekunikezeleni ngobume obuncedayo nobuxhasayo ukulungiselela unikezelo lomsebenzi ongundoqo weMicimbi yeNkcubeko. |
| **Unxulumano** | PSG 5 |

| | |
|---|---|
| **INjongo yeQhinga 2** | Ukukhuthazwa, uphuhliso nokuguqulwa kwayo yonke imiba yezenkcubeko eNtshona Koloni ukwenza igalelo ekwakheni isizwe, ulawulo olululo, uphuhliso lwenkqubo zokuxhotyiswa koluntu ngamaseko okuphila nokukhulisa uqoqosho namathuba. |
| **Ingxelo yeNjongo** | Ukukhuthaza, ukuphuhlisa nokuguqula yonke imisebenzi yenkcubeko eNtshona Koloni ukulungiselela ukunikela ngokubhekiselele kulwakhiwo lwesizwe, ulawulo olulungileyo, uphuhliso lwentlalo nabantu nokukhuliswa koqoqosho oluzinzileyo namathuba. |
| **Inkcazo** | Isebe linesigunyaziso somgaqo-siseko nesisemthethweni sokumilisela imisebenzi enxulumene nemicimbi yenkcubeko ngokusetyenziswa koku, iSebe lenza umnikelo obalulekileyo obhekiselele kulwakhiwo lwesizwe nentlalo nophuhliso lwabasebenzi namathuba okukhula koqoqosho |
| **Unxulumano** | PSG 1 and 3, NO 14 |

| | |
|---|---|
| **INjongo yeQhinga 3** | Uphuhliso, ukuguqulwa nokukhuthazwa kwamathala eencwadi azinzileyo, iinkonzo zengcaciso noovimba. |
| **Ingxelo yeNjongo** | Ukubonelela ngethala leencwadi, ingcaciso neenkonzo zooVimba eziya kuthi zibe negalelo:<br><br>• Kulwakhiwo lwesizwe.<br>• Kulawulo olulungileyo nophuhliso loluntu.<br>• Uphuhliso lwabasebenzi.<br>• Ukukhula okuzinzileyo koqoqosho namathuba. |
| **Inkcazo** | • Ukunikezela ngeenkonzo zethala leencwadi kubo bonke abemi beNtshona Koloni<br>• Ukulondolozwa nokusetyenziswa kwelifa lemveli elikuvimba<br>• Iinkqubo zokufikelela ebantwini kulo lonke uluntu eNtshona Koloni.<br>• Ulawulo olululo nololongo lweerekhodi zikarhulumente |
| **Unxulumano** | PSG 1, 2, 3, 4, 5, NO 9, NO 14 |

| | |
|---|---|
| **INjongo yeQhinga 4** | Ukuqalisa nokuxhasa imibutho yemidlalo ebandakanya uluntu nolonwabo kunye/okanye imisebenzi. |
| **Ingxelo yeNjongo** | Ukuqalisa nokuxhasa imibutho yemidlalo ebandakanya uluntu nolonwabo kunye/okanye imisebenzi ngokusetyenziswa koyilo lokufumana nethuba, ngokubhekiselele kwintatho-nxaxheba kwimidlalo, kulonwabo nemidlalo. |
| **Inkcazo** | Ngokuqaliswa koluntu olunethuba elivulelekileyo kuvele uyilo lwethuba lokufumana ngokubhekiselele, umzekelo, imidlalo yezikolo, ulonwabo nemidlalo. Ukuthatyathwa kwenxaxheba nakuwuphi na kunye okanye komnye wezi kuya kunceda ngokwandisa ubandakanyo lwentlalo, ukuncitshiswa kolwaphulo-mthetho, ubugebenga, ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, njl. njl. Ngokunjalo nesikhokhelo esiya kulonwabo kunye/okanye amathuba ekhono. |
| **Unxulumano** | PSG 2 no 3, NO 14 |

# 7. Uhlaziyo lohlahlo-lwabiwo-mali lowama-2017/18 noqikelelo lwe-MTEF

## 7.1. Uqikelelo lwenkcitho

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

| Inkqubo | Umphumela wenkcitho | | | Ulwabiwo-mali olulungele-lanisiweyo | Uqikelelo lwenkcitho yesithuba esiphakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Izigidi | 2013/14 | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 |
| 1. Ulawulo | 44 518 | 48 419 | 56 400 | 61 031 | 63 304 | 66 542 | 70 603 |
| 2. ImiCimbi yeNkcubeko | 84 441 | 101 416 | 100 538 | 110 260 | 106 145 | 107 977 | 113 953 |
| 3. AmaThala eencwadi neenkonzo zooVimba | 210 680 | 292 385 | 348 433 | 359 420 | 374 646 | 397 937 | 398 233 |
| 4. Imidlalo noLonwabo | 113 934 | 170 270 | 180 173 | 199 761 | 180 954 | 169 612 | 156 383 |
| IYonke | 453 573 | 612 490 | 685 544 | 730 472 | 725 049 | 742 068 | 739 172 |
| **Uhlelo loqoqosho** | | | | | | | |
| Iintlawulo zangoku | 277 278 | 319 091 | 338 941 | 358 104 | 352 526 | 373 557 | 365 967 |
| Imbuyekezo kubasebenzi | 144 562 | 157 140 | 172 948 | 186 426 | 201 415 | 214 166 | 228 421 |
| Impahla neenkonzo | 132 716 | 161 951 | 165 993 | 171 678 | 151 111 | 159 391 | 137 546 |
| Okukhutshelweyo nenkxaso-mali: | 161 081 | 268 042 | 330 127 | 359 581 | 363 242 | 359 899 | 364 945 |
| KumaPhondo noomasipala | 104924 | 170310 | 207 774 | 228 647 | 244 829 | 256 275 | 270 589 |
| Kwi-Arhente zeSebe neeakhawunti | 2 605 | 4 637 | 3 118 | 2 709 | 2 848 | 2 870 | 2 982 |
| KwiYunivesiti neThekhnikonsi | | | | | | | |
| Ookopolotyeni bakaRhulumente namashishini angasese | | | | | | | |
| Oorhulumente bamanye amazwe nemibutho yehlabathi | | | | | | | |
| Amaziko angenzi nzala | 53 134 | 92 292 | 117 394 | 127 833 | 115 142 | 100 328 | 90 931 |
| Ezasekhaya | 418 | 803 | 1 841 | 392 | 423 | 426 | 443 |
| Iintlawulo zezakhiwo | 14 991 | 25 153 | 16 329 | 12 750 | 9 281 | 8 612 | 8 260 |
| Oomatshini nezixhobo | 14 900 | 25 115 | 16 288 | 12 750 | 9 281 | 8 612 | 8 260 |
| Iinkqubo zekhompyutha nezinye ii-asethi ezingabambekiyo | 91 | 38 | 41 | | | | |
| Iintlawulo zee-asethi zemali | 223 | 204 | 147 | 37 | | | |
| Zizonke | 453 573 | 612 490 | 685 544 | 730 472 | 725 049 | 742 068 | 739 172 |

## 7.2. Iintlawulo ezinxulumene neendlela zeenjongo ezijolise kumphumela weqhinga

Olu hlahlo lwabiwo-mali lungasentla nezabelo zeMTEF zinikele kufezekiso lweenjongo ezijolise kumphumela weqhinga leziko. Iinguqu kumanqanaba enkxaso-mali zichazwa ngokweNkqubo kwiCandelo B: INgcaciso yoMsebenzi weNkqubo.

# ICANDELO B: IINKCUKACHA ZOMSEBENZI WENKQUBO

## 8. INkqubo 1: ULawulo

**Injongo**: Kukubonelela ngolawulo lwemali nokwenziwa kwemisebenzi nenkxaso yolawulo kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

**Uphicotho lwenkqutyana:**

***Inkqutyana 1.1: I-Ofisi kaMphathiswa***

To provide administrative, client liaison and support services to the Minister for Cultural Affairs and Sport.

***Inkqutyana 1.2: IiNkonzo zoLawulo-mali***

Kukubonelela ngenkonzo yenkxaso yolawulo lwezemali kwiDCAS, kubandakanya nenkonzo zolawulo-mali kumaqumrhu karhulumente amathathi anika ingxelo kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

***Inkqutyana 1.3: IiNkonzo zoLawulo***

Kukubonelela ngomsebenzi wenkxaso kwezolawulo kwiNtloko yeSebe ngokubonelela ngenkonzo yezoqhakamshelwano esulungekileyo nenkonzo yeqhinga lokusebenza nenkxaso yokwenziwa kwemisebenzi, kubandakanya nenkonzo yobeko-liso novavanyo, ukusetyenziswa kweenkqubo zokuphucula unikezelo lweenkonzo, unxibelelwano nabancedwayo, okanye ulawulo lwentsebenziswano namanye amaqumrhu karhulumenre olusulungekileyo, nokwenza izibonelelo ezingabhekelephi zeemfuno zolungiso nezendawo yokusebenzela.

### 8.1. Iinjongo zeqhinga lokusebenza

Iinkqubo zenjongo yeqhinga leNkqubo lokusebenza zinegalelo kwisiphumo senjongo yeqhinga lokusebenza 1 yesebe.

| | |
|---|---|
| **Injongo yeqhinga lokusebenza** | Ukuphumelela ngokugqibeleleyo ngokuhlala kuphuculwa iindlela zokulawula imali. |
| **Inkcazo yenjongo** | Ukwenza imigaqo-nkqubo, iisistimu neenkqubo ezisebenzayo ukudala isimo esifanelekileyo zokunyusa izinga lonikezelo lweenkonzo ukuxhasa umsebenzi ophambili wokuphuelela ingqibelelo. |
| **Ekusekelwe kuko** | 1 |

| | |
|---|---|
| **Injongo yeqhinga lokusebenza** | Ukuqinisekisa ngenkxaso efanelekileyo kuzo zonke ezinye iiNkqubo ukuzinceda ukuphucula unikezelo lwenkonzo. |
| **Inkcazo yenjongo** | Ukuqinisekisa ngenkxaso efanelekileyo enxulumene namalinge ophuculo lokunikezelwa kwenkonzo esekelwe kwiBatho Pele, kwindawo yokuhlala, nokubekwa kweliso novavanyo lokwenziwa komsebenzi, ukunceda zonke ezinye iiNkqubo ukulungiselelwa ukuphuculwa kokunikezelwa kwenkonzo. |
| **Ekusekelwe kuko** | Izicwangciso ezisi-8 neengxelo |

## 8.2. Ekujoliswe kuko ngonyaka yinjongo yeqhinga lokusebenza 2017/18

| Umsebenzi wenjongo yeqhinga lokusebenza | | Umsebenzi owenziweyo/ophicothiweyo | | | Uqikelelo-msebenzi | Ekujoliswe kuko kwilixa elingelide kuyaphi | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2013/14 | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 | 2021/22 |
| **1.2.1** | Inani lezicwangciso zokuphucula ulawulo-mali ukufeze ingqibelelo | - | - | - | 1 | 1 | 1 | 1 | 1 | 1 |
| **1.3.1** | Inani lezicwangciso neengcelo eziqulunqiweyo okanye ezingenisiweyo ukunceda zone ezinye iiNkqubo ukulungiselela ukunikezela ngeenkonzo ezifanelekileyo nezisebenzayo | - | - | - | 8 | 8 | 8 | 8 | 8 | 8 |

## 8.3. Ulawulo lomngcipheko

**Umngcipheko 1**: Ukungahambelani nomthetho weSCM kunye neenkqubo ezinomphumela wokungafezekiswa kweenjongo zesebe ze kwanciphisa ikhono lokunikela iinkonzo.
***Iqhinga longenelelo***: I-DCAS iceba ukuqinisekisa ukuba abasebenzi be-ofisi yeCFO bazimasa iikhosi zoqeqesho ezimbini ngonyaka ukuhlangabezana nezidingo zemisebenzi yabo ngokuphaleleyo. Kuza kusungulwa inkqubo yoqeqesho efanelekileyo kusetyenziswana nePALAMA ukuhlangabezana nezidingo zoqeqesho zabasebenzi beSCM ezichongiweyo.

**Umngcipheko 2**: Ukungaqiniseki okubhekiselele kwimvulophu yohlahlo lwabiwo-mali (ukunganeli kohlahlo lwabiwo-mali nekhono kusilelisa ikhono leDCAS lokuzalisekisa isigunyaziso sayo yokulungelelanisa umnikelo weSebe kwinkqubo ezinqamlezileyo zephondo).
***Iqhinga longenelelo***: I-DCAS iceba ukunyusa ulwabelo-mali kwilixa leMTEF.

## 8.4. Imisebenzi yenkqubo nekujoliswe kuko ngonyaka nangekota kowama-2017/18

| gqaliselo lweNkqubo yokuSebenza | | Uhambe lwano nePSG | Umsebenzi owenziweyo/ophicothiweyo | | | Uqikelelo-msebenzi | Ekujoliswe kuko kwilixa elingelide kuyaphi | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | 2013/14 | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | Ilixa loniko-ngxelo | Ekujoliswe kuko ngekota | | | | 2018/19 | 2019/20 |
| | | | | | | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th | | |
| **UMsebenzi oMiselwe liPhondo** | | | | | | | | | | | | | | |
| **Inkqutyana 1.2: IiNkonzo zolLawulo-mali** | | | | | | | | | | | | | | |
| 1.2.1 | Ukusebenzisa isicwangciso zokuphucula iziphumo zophicotho-zincwadi nokucutha izinga lokufunyanwa kwezinto ezitenxileyo nguMphicothi-zincwadi Jikelele nanguMphicothi-zincwadi wangaPhakathi ukufumana ingqibelelo. | 5 | - | - | 1 | - | 1 | Ngonyaka | - | - | - | 1 | 1 | 1 |
| **Inkqutyana 1.3: IiNkonzo zoLawulo** | | | | | | | | | | | | | | |
| 1.3.1 | Ukusebenzisa inyathelo lokuphucula unikezelo-zinkonzo ngokweBatho Pele | 5 | 2 | 2 | 2 | 2 | 2 | Kabini ngonyaka | - | 1 | - | 1 | 2 | 2 |
| 1.3.2 | Inani lamanyathelo ovavanyo enziweyo (ezobeko-liso novavanyo) | 5 | 1 | 1 | 1 | 1 | 1 | Ngonyaka | - | - | - | 1 | 1 | 1 |
| 1.3.3 | Inani leengxelo zekota zokubeka iliso kumsebenzi owenziwayo | 5 | - | - | - | 4 | 4 | Ngekota | 1 | 1 | 1 | 1 | 4 | 4 |
| 1.3.4 | Inani lee- UAMP ezifakiweyo | 5 | - | - | - | 1 | 1 | Ngonyaka | - | - | - | 1 | 1 | 1 |

## *8.5.* Ukulungelelanisa ekujoliswe kuko komsebenzi nohlahlo-lwabiwo-mali ne-MTEF

### *Ingqikelelo yenkcitho-mali*

*Inkqubo1: Ulawulo*

| Inkqutyana | Iziphumo zenkcitho-mali | | | Ulwabelo-mali olulungele-lanisiweyo | Ingqikelelo yenkcitho-mali yelixa elingelide kuyaphi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Amawaka eeR | 2013/14 | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 |
| I-Ofisi kaMphathiswa | 6 070 | 5 537 | 8 338 | 7 745 | 8 099 | 8 365 | 8 930 |
| IiNkonzo zoLawulo-mali | 20 838 | 23 445 | 26 329 | 28 996 | 30 901 | 32 540 | 34 442 |
| IiNkonzo zoLawulo | 17 610 | 19 437 | 21 733 | 24 290 | 24 304 | 25 637 | 27 231 |
| IYonke | 44 518 | 48 419 | 56 400 | 61 031 | 63 304 | 66 542 | 70 603 |
| **Ucalulo lwezoqoqosho** | | | | | | | |
| Iintlawulo ezimiyo | 42 004 | 45 608 | 52 037 | 58 457 | 59 873 | 63 273 | 67 207 |
| Ukuhlawulwa kwabasebenzi | 32 098 | 35 880 | 42 193 | 45 365 | 47 763 | 51 067 | 54 523 |
| Impahla neenkonzo | 9 906 | 9 728 | 9 844 | 13 092 | 12 110 | 12 206 | 12 684 |
| Uweliselo-mali nenkxaso-mali: | 24 | 116 | 902 | 21 | 428 | 431 | 448 |
| Kumaphondo noomasipala | | | | | | | |
| Kwii-arhente zesebe nee-akhawunti | 23 | 18 | 20 | 21 | 5 | 5 | 5 |
| Kwiiyunivesithi neeteknikoni | | | | | | | |
| Kookopolotyeni boluntu namashishini abucala | | | | | | | |
| Koorhulumente bangaphandle nemibutho yehlabathi | | | | | | | |
| Kumaziko angenzi ngeniso-mali | | | | | | | |
| Ezangaphakathi | 1 | 98 | 882 | | 423 | 426 | 443 |
| Iintlawulo yee-asethi ezinkulu | 2 484 | 2 688 | 3 438 | 2 553 | 3 003 | 2 838 | 2 948 |
| Oomatshini nezixhobo | 2 452 | 2 688 | 3 432 | 2 553 | 3 003 | 2 838 | 2 948 |
| Isoftiwe nokunye onguphathekiyo | 32 | | 6 | | | | |
| Iintlawulo zee-asethi eziyimali | 6 | 7 | 23 | | | | |
| IYonke | 44 518 | 48 419 | 56 400 | 61 031 | 63 304 | 66 542 | 70 603 |

### *Umsebenzi nendlela ehambe ngayo inkcitho*

Ulwabiwo lwezimali kowama-2017/18 lunyuke ngezigidi ezi-R2.273 okanye nge-3.7 ekhulwini isuka kuma-R61.031 ezigidi (uqikelelo oluhlaziyiweyo) kowama-2016/17 yaya kuma-R63.304 kowama-2017/18.

Ukubuyekezwa kwaBasebenzi kubandakanya uhlengahlengiso lwemivuzo lwe-9.1 yeepesenti kowama-2017/18, 8.9yeepesenti kowama-2018/19 ne-8.8 yeepesenti kowama-2019/20 (le miyinge ibandakanya ubukhulu iipesenti ezimbini zokunyukela kwinqanaba lomvuzo elilandelayo).

Okubandakanywe kwiNkqutyana 1.1 i-Ofisi kaMphathiswa, Inkqutyana 1.2 iiNkonzo zoLawulo lweMali kunye neNkqutyana 1.3 IiNkonzo zoLawulo kukwimali ebekelwe bucala ekumyinge wama-R47 763 yezigidi (2017/18), R51 067 yezigidi (2018/19) nama-R54 523 yezigidi (2019/20) kwinkcitho ephezulu kwezaBasebenzi.

OkubandakanyiweyokwiiNkonzo zoLawulo zowama-2017/18 sisongezelelo se-R167 000 esabelwa ukuhlawulwa kwabaqeshwe ithutyana befunda.

# 9. INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko

**Injongo:** Kukubonelela ngeenkonzo zobugcisa nenkcubeko, ezolondolozo lwembali, ezelifa lemveli nezeelwimi kuluntu lweNtshona Koloni.

**Uphicotho lwenkqutyana nganye:**

***Inkqutyana 2.1: Ulawulo***

Kukubonelela ngenkxaso yezolawulo kwezemiCimbi yeNkcubeko.

***Inkqutyana 2.2: UBugcisa neNkcubeko***

Ukuququzelela uphuhliso, ulondolozo nokukhuthaza ezobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni ngokumisela amaqumrhu ezobugcisa nenkcubeko asebenzayo, imisitho nesimo esifanelekileyo; kwakunye nokuxhasa nokuncedisa iKomiti yeNkcubeko yeNtshona Koloni ukuze yenze umsebenzi wayo ewuwiselwe ngokomthetho.

***Inkqutyana 2.3: iiNkonzo zaMaziko oLondolozo lweMbali***

Ukukhawulezisa iinguqu kwilifa lemveli leNtshona Koloni ngokubonelela ngeenkonzo ezahlukeneyo, ukwenza nokukhuthaza imveli yePhondo ngeenkonzo zeemyuziyam ezimanyeneyo namaziko ezemveli anikwa inkxaso.

***Inkqutyana 2.4: IiNkonzo zeZibonelelo zeLifa leMveli***

Ukuxhasa nokunceda ukulungiselela ukuchonga, ukulondoloza, ukulawula nokukhuthaza izibonelelo zelifa lemveli, ngokuhambelana noMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli, we-1999; ukuququelela imicimbi enxulumene neeNdawo zeLifa leMveli leHlabathi eNtshona Kolojni ngokuhambelana noMthetho weNgqungquthela yeLifa leMveli yeHlabathi, we-1999; ukuququzelela iinkqubo zokubeka emgangathweni okanye zenguqu, apho kuyimfuneko, yamagama endawo eNtshona Koloni ngokumiliselwa kwinqanaba lephondo kwezigunyaziso zoMthetho weBhunga lamaGama eNdawo woMzants Afrika, we-1998.

***Inkqutyana 2.5: IiNkonzo zeeLwimi***

Ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi eNtshona Koloni njengenxalenye yokwakha ukuzidla nokuqondana koluntu; ukuphuhlisa iilwimi ezazifudula zisengelwa phantsi; ukuququzelela ukuphunyezwa nokubeka esweni ukusetyenziswa koMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni; kwakunye nokuncedisa iKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni ukwenza umsebenzi ewuwiselwe ngokomthetho.

## 9.1. Injongo yeqhinga lokusebenza

Injongo yeqhinga lokusebenza lenkqubo kukwenza igalelo kwinjongo yesiphumo seqhinga lokusebenza 2 sesebe.

| | |
|---|---|
| **Injongo yeqhinga lokusebenza 1** | Ukuphucula iinkalo zobugcisa nenkcubeko zibe ngamathuba ophuhliso loluntu eNtshona Koloni. |
| **Inkcazo yenjongo** | Ukukhuthaza ukuhlonitshwa kwamacandelo obugcisa neenkcubeko ohlukeneyo ukuba abe ngamathuba okuphuhlisa italente nengqibelelo ngeli xa kusandiswa intatho-nxaxheba kukhuthazwa nezobugcisa eluntwini ngeenkqubo zobugcisa nenkcubeko. |
| **Ekusekelwe kuko** | Imibutho yezobugcisa nenkcubeko engama-54. |

| | |
|---|---|
| **Injongo yeqhinga** | Ukubonelela ngenkxaso esebenzayo nobungcaphephe obusulungekileyo nolawulo kumaqumrhu karhulumente abekwe esweni yiDCAS nokuvavanyo ingenelo yala maziko. |

| lokusebenza 2 | |
|---|---|
| **Inkcazo yenjongo** | Ukubonelela ngenkxaso esebenzayo nobungcaphephe obusulungekileyo nolawulo kumaqumrhu karhulumente abekwe esweni yiDCAS |
| **Ekusekelwe kuko** | • ILifa leMveli leNtshona Koloni.<br>• IKomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni.<br>• IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni.<br>• IKomiti yamaGama eeNgingqi yePhondo leNtshona Koloni.<br>• Iimyuziyam ezimanyeneyo ezingama-29. |

| **Injongo yeqhinga lokusebenza 3** | Ukukhawulezisa iinguqu kwezelifa lemveli zeNtshona Koloni ngokubonelela ngeenkonzo ezahlukuneyo zokulondoloza, ukuphuhlisa nokukhuthaza imveli yephondo ngenkonzo yolondolozo lwembali neyamaziko ezemveli axhaswayo. |
|---|---|
| **Inkcazo yenjongo** | Ukukhawulezisa iinguqu kwezelifa lemveli zeNtshona Koloni ngokubonelela ngeenkonzo ezahlukuneyo zokulondoloza, ukuphuhlisa nokukhuthaza imveli yephondo ngenkonzo yemyuziyam ezimanyeneyo ezemveli. |
| **Ekusekelwe kuko** | • Iimyuziyam ezimanyeneyo ezingama-29.<br>• IKomiti yemaGama eeNgingqi yePhondo leNtshona Koloni.<br>• ILifa leMveli leNtshona Koloni. |

| **Injongo yeqhinga lokusebenza 4** | Ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, ukulungisa ukungalingani kweelwimi nokukhuthaza iilwimi ezazifudula zisengelwa phantsi kwakunye noLwimi lweZandla loMzantsi Afrika eNtshona Koloni. |
|---|---|
| **Inkcazo yenjongo** | Ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, ukulungisa ukungalingani kweelwimi nokukhuthaza iilwimi ezazifudula zisengelwa phantsi kwakunye noLwimi lweZandla loMzantsi Afrika eNtshona Koloningokuphumeza nokubeka esweni uMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni nangokubonelela ngeenkonzo zenkxaso yeelwimi kuRhulumente weNtshona Koloni. |
| **Ekusekelwe kuko** | • Ukuphunyezwa koMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni kuwo onke amasebe karhulumente namaziko akhe.<br>• Iintlanganiso zeForamu yeeLwimi yePhondo leNtshona Koloni ezi-6.<br>• Inkqubo zokukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, ukulungisa ukungalingani kweelwimi nokuphuhlisa iilwimi ezazifudula zisengelwa phantsi ezi-4.<br>• Iiprojekthi ezijoliswe ekuphuhliseni uLwimi lweZandla loMzantsi Afrika ezi-2.<br>• Unikezelo lwenkxaso yeenkonzo zeelwimi ezi-3 – uguqulo-lwimi, uhlelo-lwimi notoliko-lwimi. |

| **Injongo yeqhinga lokusebenza 5** | Kukwenza iinkqubo ezinokwenza igalelo kubandakanyeko nentsebenziswano yoluntu, ukukhuthaza ulwakhiwo lwesizwe neenguqu. |
|---|---|
| **Inkcazo yenjongo** | Kukwenza iinkqubo ezinokwenza igalelo kulwakhiwo lwesizwe neenguqu ngokubamba imisitho yezikhumbuzo ngeeholide ezinentsingiselo kwisizwe ukukhuthaza iimpawu zentsulungeko yesizwe. |
| **Ekusekelwe kuko** | Iinkqubo/iiprojekthi ezigxile ekukhuthazeni iimpawu zentsulungeko esililifa kwiiholide ezinentsingiselo kwisizwe kwakunye neempawu zephondo nezesizwe ezi-3. |

## 9.2. Ekujoliswe kuko yinjongo yeqhinga lokusebenza kowama-2017/18

| **Umsebenzi wenjongo yeqhinga lokusebenza** | | **Umsebenzi owenziweyo/ophicothiweyo** | | | **Uqikelelo-msebenzi** | **Ekujoliswe kuko kwilixa elingelide kuyaphi** | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | **2013/14** | **2014/15** | **2015/16** | **2016/17** | **2017/18** | **2018/19** | **2019/20** | **2020/21** | **2021/22** |
| **2.1** | Inani lemisitho yeenkalo zobugcisa nenkcubeko ezenziwe amathuba ophuhliso loluntu eNtshona Koloni | 54 | 96 | 51 | 50 | 50 | 55 | 55 | 55 | 55 |
| **2.2** | Inani lamaqumrhu karhulumente anikwe inkxaso yobungcali nolawulo | 33 | 33 | 32 | 34* | 34 | 34 | 34 | 34 | 34 |

| Umsebenzi wenjongo yeqhinga lokusebenza | | Umsebenzi owenziweyo/ophicothiweyo | | | Uqikelelo-msebenzi | Ekujoliswe kuko kwilixa elingelide kuyaphi | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 2013/14 | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 | 2020/21 | 2021/22 |
| **2.3** | Inani leemyuziyam ezimanyeneyo | 28 | 27 | 28 | 30 | 30 | 30 | 30 | 30 | 30 |
| **2.4** | Inani leeprojekthi ezikhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, ukulungisa ukungalingani kweelwimi nokuphuhlisa iilwimi ezazifudula zisengelwa phantsi noLwimi lweZandla loMzantsi Afrika | 6 | 7 | 9 | 6 | 6 | 6 | 7 | 7 | 7 |
| **2.5** | Inani leenkqubo ezenza igalelo kubandakanye ko nentsebenzi-swano yoluntu (ulwakhiwo lwesizwe neenguqu) | 2 | 4 | 3 | 2 | 2 | 3 | 3 | 3 | 3 |

** Iimyuziyam ezimanyeneyo, amaSebe kaRhulumente neKomiti yamaGama eNdawo*

I-DCAS inoxanduva lokubeka iliso kumaqumrhu karhulumente amathathu (iLifa leMveli leNtshona Koloni, iKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni neKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni) nokubhengeza amaqumrhu karhulumente (amaziko olondolozo lwembali). Imisebenzi engequmrhu ngalinye ichazwa kwizicwangciso zokusebenza zawo.

## *9.3. Ulawulo lomngcipheko*

**Umngcipheko 1**: Izicelo ezikumgangatho ophantsi ezivela kuluntu olwaluvinjwe amathuba ngaphambili ezinxulumene nobugcisa nenkxaso-mali yenkcubeko.
***Iqhinga longenelelo***: I-DCAS iyaqhuba nokusebenza namahlakani akwezobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli ukubonelela ngezakhono ezidingekayo noqeqesho.

**Umngcipheko 2**: Ukungabi nakhono kwamasebe karhulumente wePhondo ukulungiselela ukunikezela ngeenkonzo kubemi kuzo zonke zontathu iilwimi ezisesikweni ngenxa yokungakwazi kwelwimi zemveli ukuba ziilwimi zoqoqosho ezinokuthi zibe nomphumela kwimvakalelo yokungabandakanywa ngokwentlalo.
***Iqhinga longenelelo***: I-DCAS ixhasa ukuphathwa ngokulinganayo kweelwimi zeNtshona Koloni (isiBhulu, isiXhosa nesiNgesi) ngoMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni; ikhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, ixhasa uphuhliso lweelwimi ezazifudula zisengelwa phantsi; ze ixhase uphuhliso lweelwimi kubandakanya nophuhliso loLwimi lweZandla loMzantsi Afrika.

**Umngcipheko 3**: Ukhuseleko lwezibonelelo zeMyuziyam nokuqokelelweyo ziphantsi kogrogriso ngenxa yempembelelo yobusela kwikhono leSebe kunye neeMyuziyam ezimanyeneyo

ukuzalisekisa isigunyaziso sayo somgaqo-siseko nesisemthethweni ukuphuhlisa, ukukhuthaza nokugcina iLifa leMveli lethu.

***Iqhinga longenelelo***: Kunye namaqumrhu olawulo lwemyuziyam, iDCAS, iSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente kunye neSebe lokhuselo loLuntu acebisa iimyuziyam ngophuculo lweenkqubo lokhuseleko iinkonzo zokhuseleko kunye nokubekwa kweliso kubatyeleli.

## 9.4 Imiqondiso yoMsebenzi weNkqubo nekuJoliswe kuko ngonyaka nangekota kowama-2017/18

| Umsebenzi wenkqubo | | Unxulum ano nePSG | umsebenzi ophicothiweyo/owenziweyo | | | Umsebenzi oqikelelweyo 2016/17 | Kokujoliswe kuko kwelixa elingelide kuyaphi | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | 2013/14 | 2014/15 | 2015/16 | | 2017/18 | Ilixa loniko-ngxelo | Kokujoliswe kuko ngekota | | | | 2018/19 | 2019/20 |
| | | | | | | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th | | |
| **National Indicators** | | | | | | | | | | | | | | |
| **Inkqutyana 2.1: uLawulo** | | | | | | | | | | | | | | |
| **2.1.1** | Inani lamathuba omsebenzi adalwe nge-EPWP* | 1 | 242 | 305 | 397 | 305 | 305 | Ngonyaka | - | - | - | 305 | 305 | 305 |
| **Inkqutyana 2.2: uBugcisa neNkcubeko** | | | | | | | | | | | | | | |
| **2.2.1** | Inani lamagcisa axhamla kumathuba ophuhliso lwezakhono | 3 | - | - | - | 110 | 226 | Ngekota | 30 | 115 | 66 | 15 | 249 | 274 |
| **2.2.2** | Inani neengxoxo zoluntu ezenziweyo. | 3 | - | - | - | 3 | 3 | Ngekota | - | - | - | 3 | 3 | 3 |
| **2.2.3** | Inani leentlanganiso zentsebenziswano yoluntu ezibanjiweyo | 3 | - | - | - | 1 | 1 | Ngonyaka | - | - | - | 1 | 1 | 1 |
| **2.2.4** | Inani lemihla yesizwe nenembali ebhiyozelweyo | 3 | 3 | 3 | 3 | 3 | 3 | Ngekota | 1 | 1 | 1 | - | 3 | 3 |
| **2.2.5** | Inani neengxoxo zoluntu ezenziweyo. | 3 | 5 | 30 | 25 | 30 | 30 | Ngonyaka | - | - | - | 30 | 30 | 30 |
| **Inkqutyana 2.3: iiNkonzo zoLondolozo lweMbali** | | | | | | | | | | | | | | |
| **2.3.1** | Inani leenkqubo zokukhuthaza iimpawu zesizwe nee-oda | 3 | - | - | - | 3 | 3 | Ngekota | 1 | 1 | - | 1 | 3 | 3 |
| **Inkqutyana 2.5: iiNkonzo zeeLwimi** | | | | | | | | | | | | | | |
| **2.5.1** | Inani lamaqumrhu eelwimi anikwe inkxaso yentlawulo yoweliselo-mali | 3 | 1 | 1 | 1 | 1 | 1 | Ngonyaka | - | - | - | 1 | 1 | 1 |

| Umsebenzi wenkqubo | | Unxulumano nePSG | umsebenzi ophicothiweyo/owenziweyo | | | Umsebenzi oqikelelweyo 2016/17 | Kokujoliswe kuko kwelixa elingelide kuyaphi | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | 2013/14 | 2014/15 | 2015/16 | | 2017/18 | Ilixa loniko-ngxelo | Kokujoliswe kuko ngekota | | | | 2018/19 | 2019/20 |
| | | | | | | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th | | |
| **Imiqondiso yePhondo** | | | | | | | | | | | | | | |
| **Inkqutyana 2.2: uBugcisa neNkcubeko** | | | | | | | | | | | | | | |
| **2.2.6** | Inani lemibutho yezobugcisa nenkcubeko enikwe inkxaso ngoweliselo-mali, kubandakanya iWCCC | 3 | 54 | 96** | 51 | 50 | 50 | Ngekota | - | 30 | 20 | - | 55 | 55 |
| **2.2.7** | Inani leeprojekthi zesebe zokuphucula nokukhuthaza ezobugcisa nenkcubeko | 3 | 18 | 16 | 30 | 18 | 18 | Ngekota | 3 | 8 | 5 | 2 | 18 | 18 |
| **Inkqutyana 2.3: iiNkonzo zeeMyuziyam** | | | | | | | | | | | | | | |
| **2.3.2** | Inani leebrowutsha namaxwebhu ahanjiswe eluntwinini | 3 | 1 | 1 | 2 | 1 | 1 | Ngonyaka | - | - | - | 1 | 1 | 1 |
| **2.3.3** | Inani leemyuziyam ezimanyeneyo ezifumana inkxaso ngoweliselo-mali | 3 | 42 | 27 | 28 | 24*** | 24*** | Ngonyaka | - | - | 24- | - | 24*** | 24 |
| **2.3.4** | Ulondolozo lwenkonzo yeMyuziyam ukuxhasa amaziko kwiimyuziyam ezimanyeneyo ezifumana uncedo | 3 | 1 | 1 | 1 | 1 | 1 | Ngonyaka | - | - | - | 1 | 1 | 1 |
| **Inkqutyana 2.4: iiNkonzo zeZixhobo zeLifa leMveli** | | | | | | | | | | | | | | |
| **2.4.1** | Inani loogunyaziwe bephondo bolawulo lwezixhobo zelifa lemveli abafumene inkxaso ngoweliselo-mali | 3 | 1 | 1 | 1 | 1 | 1 | Ngonyaka | - | 1 | - | - | 1 | 1 |
| **2.4.2** | Inani lamagama eengingqi aqinisekisiweyo | 3 | 300 | 305 | 502 | 340 | 340 | Ngekota | 85 | 85 | 85 | 85 | 340 | 340 |

| Umsebenzi wenkqubo | | Unxulumano nePSG | umsebenzi ophicothiweyo/owenziweyo | | | Umsebenzi oqikelelweyo 2016/17 | Kokujoliswe kuko kwelixa elingelide kuyaphi | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | 2013/14 | 2014/15 | 2015/16 | | 2017/18 | Ilixa loniko-ngxelo | Kokujoliswe kuko ngekota | | | | 2018/19 | 2019/20 |
| | | | | | | | | | 1st | 2nd | 3rd | 4th | | |
| | naqwalaselwe yiKomiti yamaGama eeNgingqi yePhondo leNtshona Koloni | | | | | | | | | | | | | |
| 2.4.3 | Inani lamacandelo amagama eengingqi eNtshona Kolini afumene inkxaso | 3 | 1 | 1 | 1 | 1 | 1 | Ngonyaka | - | - | - | 1 | 1 | 1 |
| Inkqutyana 2.5: iiNkonzo zeeLwimi | | | | | | | | | | | | | | |
| 2.5.2 | Iinani leeprojekthi ezikhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, iilwimi zemveli ezazifudula zisengelwa phantsi noLwimi lweZandla loMzantsi Afrika | 3 | 9 | 1 | 9 | 6 | 6 | Ngekota | 1 | 2 | 1 | 2 | 6 | 6 |
| 2.5.3 | Inani leenkonzo zokuxhasa ukusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni zeNtshona Koloni | 3 | 3 | 3 | 3 | 3 | 3 | Ngonyaka | - | - | - | 3 | 3 | 3 |

**Ekujoliswe kuko kowama-2016/17, 2017/18 nowama-2018/19 kwizabelo zeMTEF okungabandakanyi koMnikelo oHlangeneyo weEPWP olungiselelwe amaPhondo anokuthi abelwe ngonyaka ngamnye kuxhonyekekwe kwindlela yokusebenza yonyaka ongaphambili. Isabelo soMnikelo weNkuthazo yowama-2015/16 sabazizi-R2 223 000.*

*** Iiprojekti ezangezelelweyo zaxhaswa ngemali evela kokubekwe phambili kwangaphakathi.*

****Eli nani libonisa kuphela inani leemyuziyam ezimanyeneyo apho kwenziwa khona iintlawulo ezikhutshelweyo ezenziwa liSebe. Alibandakanyi iimyuziyam ezintlanu zephondo kunye neCango CavesMuseum.*

## 9.5 Ulungelelaniso lokujoliswe kuko komsebenzi nohlahlo-lwabiwo-mali ne-MTEF

### *Iingqikelelo zenkcitho*

*Inkqubo 2: iMicimbi yeNkcubeko*

| Inkqutyana | Isiphumo senkcitho | | | Ulwabelo-mali olulungelelanisiwe yo | Ingqikelelo yenkcitho yexesha elingelide kuyaphi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| R amawaka | 2013/14 | 2014/15 | 2015/16 | 2016/17 | 2017/18 | 2018/19 | 2019/20 |
| ULawulo | 10 075 | 5 315 | 4 930 | 4 089 | 2 912 | 3 079 | 3 252 |
| UBugcisa neNkcubeko | 24 936 | 34 351 | 30 698 | 34 307 | 32 409 | 33 343 | 34 895 |
| IiNkonzo zeeMyuziyam | 40 083 | 50 393 | 54 059 | 59 809 | 57 624 | 57 494 | 61 027 |
| IiNkonzo zeLifa leMveli | 5 361 | 7 158 | 6 598 | 7 540 | 8 097 | 8 600 | 9 121 |
| IiNkonzo zeeLwimi | 3 986 | 4 199 | 4 253 | 4 515 | 5 103 | 5 378 | 5 701 |
| IYonke | 84 441 | 101 416 | 100 538 | 110 260 | 106 145 | 107 894 | 113 996 |
| **Uhlelo loqoqosho** | | | | | | | |
| Iintlawulo ezimiyo | 57 219 | 57 926 | 61 737 | 69 435 | 71 414 | 75 569 | 80 160 |
| Ukuhlawulwa kwabasebenzi | 45 717 | 47 469 | 49 593 | 50 454 | 56 736 | 61 170 | 65 241 |
| Impahla neenkonzo | 11 502 | 10 457 | 12 144 | 18 981 | 14 678 | 14399 | 14 919 |
| Uweliselo-mali nezibonelelo: | 25 408 | 41 625 | 36 939 | 39 341 | 33 197 | 31 033 | 32 498 |
| Amaphondo noomasipala | | | | | | | |
| Ii-arhente zesebe nee-akhawunti | 2 582 | 4 619 | 3 098 | 2 688 | 2 824 | 2 600 | 2 771 |
| Iiyunivesithi neeteknikhoni | | | | | | | |
| Ookopolotyeni boluntu namashishini abucala | | | | | | | |
| Oorhulumente bamazwe angaphandle nemibutho yamazwe-ngamazwe | | | | | | | |
| Amaziko angenzi ngeniso-mali | 22 637 | 36 541 | 33 121 | 36 337 | 30 773 | 28 433 | 29 727 |
| Ezangaphakathi | 189 | 465 | 720 | 316 | | | |
| Iintlawulo zee-asethi ezinkulu | 1 718 | 1 862 | 1 861 | 1 479 | 1 501 | 1 292 | 1 343 |
| Izakhiwo nezinye izimiso ezisisigxina | | | | | | | |
| Oomatshini nezixhobo | 1 671 | 1 824 | 1 861 | 1 479 | 1534 | 1 292 | 1338 |
| Isoftware nezinye ii-asethi ezingaphathekiyo | 47 | 38 | | | | | |
| Iintlawulo zee-asethi eziyimali | 96 | 3 | 1 | 5 | | | |
| IYonke | 84 441 | 101 416 | 100 538 | 110 260 | 106 145 | 107 894 | 113 996 |

### *Umsebenzi nendlela ehambe ngayo inkcitho*

Imali kowama-2017/18 yehle ngezigidi ezi-R4.116 okanye nge-3.37 ekhulwini isuka kwizigidi ezili-R110.261 (uqikelelo oluhlaziyiweyo) kowama-2016/17 yaya kuma kwizigidi ezili-R106.145 kowama-2017/18

Imbuyekezo yabasebenzi ibandakanya isibonelelo sohlengahlengiso kwimivuzo se-9.1 yeepesenti kowama-2017/18, 8.9 yeepesenti kowama-2018/19 ne-8.8 yeepesenti kowama-2019/20 (le miyinge ibandakanya unyukelo kwinqanaba lomvuzo elilandelayo ngeepesenti ezimbini ubukhulu).

